

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.





Rainbow WORKBOOKS

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 5 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-62-1

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-5 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-62-1



Ibanga lesi- 5

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2



uMzantsi Afrika



UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho



Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakho.

Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubagonyamele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Iingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.

Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya layo kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

Ubummi



Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Third edition 2013

ISBN 978-1-920458-62-1

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Ibanga lesi- 5

Rainbow WORKBOOKS

ulwimi

ngesiXHOSA

1 Thina ngabanye ngabanye 2

2 Yenza intsomi 35

3 Izilwanyana 69

4 Imidlalo 103



Le ncwadi yeka-:

_____

ISIXHOSA

Incwadi yoku- 1

Umhla:

UPele – uthe phithi yibhola ekhatywayo

Makhe sithethe

Ibhola ekhatywayo ngomnye wemidlalo ethandwa kunene ehlabathini.
Uyayithanda wena?

- Yintoni ekwenza ayithande kangaka?
- Ingaba uyanqwenela ukufana naye?
- Ukuba kunjalo, yenza ntoni le ntandane yakho le uyithandayo?



Masifunde

"Xa ndisiva umhobe wesizwe waseBrazil, ndiba ngathi ndisephupheni. Ndizama ukuzikisa ingqondo kwindlela endiza kudlala ngayo kodwa ndiyaqhubekeka ndicinga: Kwenzeka njani ukuba ndibe lapha, kwiqela laseBrazil, eSweden, ndiza kuqalisa ukudlalela ilizwe lam? Inokuba liphupha eli ...!"



NguPele lo eneminyaka eli-17 ubudala, edlala umdlalo wakhe wokuqala wokhuphiswano lokugqibela kwiNdebe yeHlabathi yebhola ekhatywayo. Ngubani le nkwenkwana? Yangena njani kwiNdebe yeHlabathi? Iziva njani ngebhola ekhatywayo, umdlalo owamenza waduma?

UPele wayehlala kwidolophana encinane eBrazil. Usapho lwakhe lwaluhlupheka kakhulu. UPele wayeloluya hlobo lwenkwenkwana olwaludlala ibhola ngexesha abemele ukuba usesikolweni ngalo. Wayenethamsanqa kuba notata wakhe wayengumdlali webhola ekhatywayo kwaye wamfundisa ukuba ukusela nokutshaya akumlungelanga.

UPele uthi, "AmaBrazil athe phithi yibhola ekhatywayo. Afunda ukukhaba ukuma nje kwabo ngenyawo. Ukuhamba kulandela mva."

Waqalisa iqela lakhe lokuqala lebhola ekhatywayo, iShoeless Ones, eneminyaka eli-10 ubudala. Wayeqhuba kakuhle kakhulu. Uthe eneminyaka eli-14 ubudala wabe sele edlalela iqela lasekuhlaleni lezeembaleki.

Ngeli xesha wayeqhuba kakubi mpela esikolweni. Wayenomdla kakhulu wokudlala ibhola



ekhatywayo. Waye akaphumelela komnye unyaka. Wasiyeka isikolo eneminyaka eli-14 ubudala waza waqalisa ukusebenza kumzi-mveliso wezihlangu. Akuba mdala, waphatheka kakubi yinto yokuba wasishiyayo isikolo. Waphindela esikolweni waza wagqithela eyunivesithi emva kokuba etshatile sele enaye nomntwana.

Wathi eneminyaka eli-15 waya kudlalela iqela elaziwayo elibizwa ngokuba yiSantos. Kwiminyaka emibini emva koko wadlalela iBrazil kwiNdebe yeHlabathi yowe-1958 eSweden. Wafaka amanqaku alishumi kwezobuntshatsheli, apho kwaphumelela khona iBrazil.

Emva koko waye wadlala kwimidlalo emininzi yokhuphiswano kwaye wafaka amanqaku angaphezulu kwe-1 300.

Kwakutheni ukuze uPele aphumelele kangaka? Zininzi izizathu. Okokuqala, wayeyithanda ibhola ekhatywayo. Okwesibini, wayewudlala ngobulumko obukhulu lo mdlalo, kwaye, okokugqibela, wayengadlaleli isiqu sakhe kuphela, wayedlalela iqela.

UPele wayengaphelelanga nje ekubeni ngumdlali obalaseleyo webhola ekhatywayo. Wayezinikele kananjalo esilwela amalungelo abadlali bebhola ekhatywayo. Wayeqiniseka ukuba xa begula okanye benzakele, babeqhubekeka behlawulwa.



Makhe sithethe

- Wayeziva njani uPele xa wayedlala kukhuphiswano lokuqala edlalela ilizwe lakhe?
- UPele wayekholelwa ekuzigcineni esempilweni. Ukwazi njani oku?
- UPele waphindela esikolweni akuba etshatile. Ucinga ukuba oku kwakulula okanye kwakunzima kuye? Xela isizathu.
- Kutheni ucinga ukuba uPele wayengumdlali obalaseleyo webhola ekhatywayo nje?



Masibhale

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo. Krwela umgca osuka kwigama ngalinye elingasekhohlo uye kwintsingiselo yalo ngasekunenene.

ukuzikisa	waziwa kakhulu
waduma	wayezibandakanye
wayenomdla	ukhuphiswano lokugqibela
kwezobuntshatsheli	abe noloyiso
aphumelele	ukumilisela





Umhla:

Sicinga ngoPele



Masiqonde

Phinda kwakhona ujonge eliya bali lingoPele. Qhuba uphendule le mibuzo ingezantsi.

- Ngubani lowa uthethayo kula mhlathi wokuqala?
- Ucinga ukuba uPele wayezingca ngokudlalela iBrazil? Uyazi njani le nto?
- Abantwana bayakhasa phambi kokuba bahambe. Uthini uPele ngabantwana baseBrazil?

Kubuzwe imibuzo emithathu kumhlathi wesi-2 weli bali. Yibhale phantsi. Bhala iimpendulo zale mibuzo mithathu.

Kwakutheni ukuze uPele abe ngumdlali obalaseleyo? Bhala izinto zibe ntathu.

Masibhale

Fakela amagama afanelekileyo. Sebenzisa amagama akula bhokisi ingezantsi ukukuncedisa.

kholelwa	faka	ngumdlali	Santos	eneminyaka	thanda

UPele waye _____ obalaseleyo webhola ekhatywayo. Wayidlala ibhola ekhatywayo _____ elishumi elinesihlanu ubudala edlalela i _____. Wa _____ amanqaku amaninzi ngexesha lakhe lokudlala ibhola ekhatywayo. Waphumelela kuba wayeyi _____ ibhola ekhatywayo kwaye e _____ nasekudlaleleni iqela.



Masibhale

Tshatisa izivakalisi ezingasekhohlo nezivakalisi ezingasekunene ezikuchazela ngakumbi ngento efanayo. Krwela imigca edibanisa izivakalisi ezingqameneyo.

UPele waye akaphumelela esikolweni.	Wadlalela ilizwe lakhe ibhola ekhatywayo.
Wasiyeka isikolo enemiyaka eli-14 ubudala.	Usebenza nzima.
Wasebenza kumzi-mveliso wezihlangu.	Wayeneminyaka eli-14 ubudala.
Uza kuphumelela.	Wagqiba ukufunda sele emdala.
Wayeyidlalela isiqu sakhe ibhola ekhatywayo.	Akazange afunde.

Ngoku dibanisa eziya zivakalisi zingqameneyo ukwenza isivakalisi esinye.
Sebenzisa la magama alandelayo ukuzidibanisa

kuba	xa	ukuba	kodwa	waza



Umzekelo

UPele wayesempilweni. UPele wayengatshayi.
UPele wayesempilweni kuba wayengatshayi.

Zibhale apha izivakalisi zakho:

Masibhale

Funda lo mhlathi. Zalisa izithuba ezingenanto.
Sebenzisa iinkcukacha ezinikwe kumhlathi.



Ndiyayithanda ibhola ekhatywayo. Ndiyahamba ndiye kubukela ukhuphiswano rhoqo xa ndinako. Amaqela ahlukeneyo avatha izinxibo ezahlukeneyo. Abanye abadlali bebhola ekhatywayo babalasele kwaye bafaka amanqaku amaninzi. Amaqela ayaphumelela xa edlala kunye.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Sicinga ngebhola ekhatywayo

Masifunde



Ndiyawuthanda lo mdlalo
Ndiyakuthanda ukubona abadlali
Betsiba ngathi bafuna ukubamba isibhakabhaka
Abanye babo babaleka ngathi
Baleqa amasela.

Ababukeli bayagigitheka,
Ngathi zizikhova,
Xa umdlali ephosa ibhola
Wofika bemkhwaza ngathi
Bafuna ukumbulala
Ngaloo mazwi abo agityiselwayo.

Ngeli xesha abadlali balwela ibhola,
Imilomo yababukeli
Iyaqhekeka kukubetha amakhwelo
Xa iqela labo libethwa,
Baba lusizi babe nomona
Bavuye xa kuphela umdlalo.

NguPattmore Dotiro, esikolweni i-Highveld, eHarare

Masiqonde

Krwela umgca ngaphantsi kwawo onke amagama alatha isenzo (izenzi) kule mibuzo.
Jonga kumbongo uze uthethe ngeempendulo zakho.

Ingaba abadlali bayakhawuleza? Ngawaphi amagama akuxelela oku?
Ngubani elinye igama elithetha ababukeli?
Baziva njani ababukeli xa abadlali bephosa ibhola?
Bacinga ukuba kubalulekile ukuba iqela labo liphumelele? Kutheni ucinga ukuba kunjalo nje?
Leliphi iqela lebhola ekhatywayo olixhasayo?
Uziva njani xa bengaluphumeleli ukhuphiswano? Kutheni uziva ngolu hlobo nje?



Masibhale

Emva kwesivakalisi ngasinye apha ngezantsi,
bhala isivakalisi sesibini esilandulayo.

Imizekelo

UPele wayonwabile.
UPele wayengonwabanga.

Badlala umdlalo omhle webhola ekhatywayo.
Abazange badlale umdlalo omhle webhola ekhatywayo.

Usompempe wavuthela impempe.

Baba lusizi babe nomona .

Ababukeli bayakhwaza bangxole.

Abanye abadlali babaleka kakhulu.

Masibhale

Guqula ezi zivakalisi zilandelayo uzisuse ku-ngoko uzizise ku-ngoku, uze ubhale isivakalisi sakho esitsha.

Umzekelo

UPele wayehlala kwidolophana encinane eBrazil.
UPele uhlala kwidolophana encinane eBrazil.



Kwakutheni ukuze uPele aphumelele?

Waqala elakhe iqela lebhola ekhatywayo.

Wasishiya isikolo waya kudlala ibhola ekhatywayo.

Wancedisa abadlali abaninzi bebhola ekhatywayo.

UPele wayengumdlali obalaseleyo webhola ekhatywayo.

Umhla:

UPortia uchaza ibali lebhola ekhatywayo

Masifunde Funda le nkcazelo yencwadi imalunga nebali elibhalwe ngumzala kaPele, uSam.



USam webhola ekhatywayo

Ekuqaleni kwebali uSam uyahamba aye kubonana nomzala wakhe uPele ofikayo evela eBrazil. Esikolweni uPele akakwazi ukudlala iqakamba, umbhoxo okanye intenetya. Phofu akakuthandi kakhulu nokufunda oku. Uthanda imidlalo. Ibhola ekhatywayo! UPele ufundisa abahlobo bakhe bebanga lesine indlela yokudlala ibhola ekhatywayo. Funda le ncwadi ufumanise ukuba bangababetha na abebanga lesihlanu.

Ndiyayithanda le ncwadi kuba ndiyayithanda ibhola ekhatywayo. Imifanekiso izotywe kakuhle kwaye inemibalabala ukanti nabalinganiswa babonakala ngathi bayidlala ngokwenyani ibhola ekhatywayo. Ndiyayithanda indlela abhale ngayo umbhali kuba iyenza ibhola ekhatywayo iphile. Ndicinga ukuba abantu abayithandayo ibhola ekhatywayo kufuneka bayifunde le ncwadi kuba ndifumanisa ukuba ibhalwe ngendlela egqwesileyo kwaye nebali liyavuselela.

NguPortia Nchabeleng

Masibhale Phendula imibuzo emalunga nophengululo lwencwadi.

Sithini isihloko sencwadi?

Ibhalwe ngubani le nkcazelo yencwadi?

Ingantoni incwadi le?

Kutheni le nto uPortia elithanda eli bali?

Ingaba ucinga ukuba abanye abantwana baya kulithanda nabo? Xela isizathu.



Masibhale

Ngoku bhala inkcazelo yebali elimalunga noPele.
Bhala izivakalisi ezine phantsi kwesihloko ngasinye.

Ibali limalunga

UPele ungumzekelo omhle kubantu abatsha kuba

Ndilithandile/andilithandanga eli bali kuba

Kuyafuneka/akufuneki ulifunde eli bali kuba

Masonwabe

Bonke oonobumba kula magama baxubene. Balungise.

iholab	
lePe	
usakelu	

tuysukaha	
IebNed bheHalatiy	
hobali wekyhayato	

Ngoku ke lungisa ezi zivakalisi zilandelayo ngokubhala igama elilungisiweyo emva kwegama ngalinye eliyingxube-vange. Eliya lokuqala sele ulenzelwe ukukwenzela lula.

Abantu abaninzi beza eMzantsi Afrika bezele (IebNed bheHalatiy) iNdebe yeHlabathi (hobali wekyhayato _____. U (lePe) _____ weza naye. Akakuthandi (tuysukaha) okanye _____ (usakelu) _____, kodwa uyithanda kakhulu yona (iholab) _____!



Umhla:

UNothembi – imvumi enomahluko

Makhe sithethe

Uyawuthanda umculo? Abantu abaninzi bayawuthanda. Thetha ngale mibuzo kunye neklasi yakho yonke.

- Loluphi uhlobo lomculo olumamelayo?
- Ngubani eyona mvumi yasetyhini yaseMzantsi Afrika oyithanda kakhulu?
- Kutheni uwuthanda nje umculo wayo?
- Ngubani eyona mvumi yehlabathi kwilizwe lonke oyithanda kakhulu?
- Kutheni uwuthanda nje umculo wayo?

Wakhe waqaphela ukuba abantu abahlukeneyo bathanda iindidi ezahlukeneyo zomculo? Ingaba bathanda iimvumi ezahlukeneyo?

Masifunde

Eli libali elibhalwe ngumntu owuthanda kunene umculo.

Umama odlala ikatala

Ndakhe ndeva ngomntu wasetyhini owayecula eKippies, iqela elithile laseRhawutini. Unxiba iimpahla zesiNdebele, aze adlale ikatala yombane. "Soze," ndatsho. Kodwa ndandithe nta iindlebe. Ndandifuna ukuzibonela ngokwam. Ngoko ke ndaya eKippies, kwaye ke kulapho ndamfumana khona uNothembi.



Ndandingawakholelwa amehlo am akuqabela eqongeni uNothembi. Wayekhangeleka ebhashubhashu. Izacholo ezimibalabala nezihonjiswe ngamaso zazibhijele iingalo kunye nemilenze yakhe. Wayenengubo eqaqambileyo ehonjiswe ngamaso entlokweni yakhe kwaye wayenxibe umnqwazi omkhulu wesintu.

UNothembi waphakamisa iingalo zakhe ebulisa inginginya yabantu. Waqhuba wathatha isigingci sakhe sombane. Enje ikatala! Yayihonjiswe ngeempawu zesiNdebele yaza yapeyintwa ngayo yonke imibala yomnyama.

UNothembi waqalisa ukudlala. wayenza ikatala yakhe yathetha, yacula, yatswina, yancwina futhi yabhonga.



UNothembi uyacula kananjalo. Iingoma zakhe zimalunga neendawo ezisemaphandleni: imilambo kunye nobomi basezifama, abukhumbula esusela ebuntwaneni bakhe. Kwakukho umculo kuyo yonke indawo. "Umalume wandifundisa ukudlala ikatala ndisemncinane kakhulu," utsho uNothembi. Ndandidla ngokucula emingcwabeni nasemitshatweni. Ngowe-1983 ndayila iqela lentambula elilelam eMamelodi. Babengabaninzanga abantu basetyhini ababedlala ikatala ngelo xesha. Bathi bakundibona abantu bacinga ukuba ndiyamangalisa. Kodwa mna ndandingayicingi tu into yokuba ndiyamangalisa. Ndizithandela nje umculo kunye nokudlala ikatala. Ndiziva ndinomahluko xa sele ndidlala. Ndiziva ndinamandla."

Uthi unethamsanqa ngoku. "Ndiphila ngokudlala. Kwiminyaka ye-1980, ndandisebenza njengonokhitshi kuba kwakufuneka ndixhase abantwana bam ababini."





Makhe sithethe

- Ucinga ukuba uNothembi wayengumzekelo omhle kubantu abatsha abafuna ukuba ziimvumi? Xela isizathu.
- Abantu abangumzekelo omhle kubantu abatsha kuthiwa "ngamaqhawe". Ungakhe ucinge ngelinye "iqhawe" elihle?
- Ukhetha wuphi kukho umculo wesintu okanye umculo waseNtshona? Xela isizathu.
- UNothembi waqala ukudlala ikatala yakhe esemncinane kakhulu. Ucinga ukuba kufuneka uqale ukudlala umculo usemncinane ukuze ube yimvumi elungileyo?
- Jonga umfanekiso. Thetha ngeempahla kunye namaso kaNothembi. Xela ukuba zikhangeleka njani na, zinemibala enjani na, nokuba ungathanda na wena ukunxiba ngolu hlobo.



Masibhale

Tshatisa igama elikwikholamu engasekhohlo kunye nentsingiselo ekwikholamu engasekunene. Krwela umgca odibanisa igama kunye nentsingiselo yalo.

nta iindlebe	ukuba nkulu kakhulu
ebhashubhashu	yayipeyintwe
yayihonjiswe	ukomelela
ndinamandla	ukufuna ukwazi into



Umhla:

Sicinga ngoNothembi

Masiqonde

Phinda ujonge kwibali elingoNothembi.

- Ngubani lo uthethayo kulaa mhlathi wokuqala? Ucinga ukuba nguNothembi okanye ngumbhali? Xela isizathu.
- Ucinga ukuba amazwi athi "Ndandingawakholelwa amehlo am" athetha ukuthini?
- UNothembi uthi uziva enamandla xa edlala ikatala yakhe. Ucinga ukuba kutheni eziva ngolu hlobo nje?
- Ingaba ubomi bakhe busafana nalaa nto babuyiyo ngowe-1980? Xela isizathu.

Bhala phantsi izivakalisi zibe zithathu ezichaza uNothembi. Ungazikhuphela zinjengoko zinjalo phaya ebalini okanye ubhale izivakalisi ezizezakho.



Masibhale

Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi ezingezantsi.

efama	kuye	phambi	neKippies

UNothembi ucula _____, iqela elithile laseRhawutini.

_____ kokuba eze eMamelodi, wayehlala _____.

Iimvumi ezininzi zijonga _____ kuba uzincedisile ukuba zifumane umsebenzi.



Masibhale

Jonga la magama alandelayo acatshulwe kumhlathi wokugqibela webali elingoNothembi. Bhala phantsi amagama athetha ngezinto ezenzeka ngoko nezenzeka ngoku kwiikholamu ezichanekileyo.

wayesebenza	unethamsanqa	kwakufuneka axhase	udlala

ngoko	ngoku

Masibhale

Sebenzisa la magama alandelayo ukugqibezela imibuzo. Ungalibali ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu.

Kuphi	Kunini	Bangaphi	Ngubani	Sesiphi

_____ apho uNothembi wathi wazalelwa khona?

_____ isixhobo awayesidlala?

_____ apho wathi weza eMamelodi ?

_____ abantwana anabo?

_____ owamfundisa ukudlala ikatala?



7

Umhla:

UMhobe weSizwe waseMzantsi Afrika

Masifunde

Nkosi sikelel'iAfrika

Maluphakanyisw' uphondo lwayo,
Yiva imithandazo yethu,
Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo.

Sounds the call to come together,
And united we shall stand,
Let us live and strive for freedom,
In South Africa our land.



Masiqonde

Le yivesi yokuqala neyokugqibela yoMhobe weSizwe waseMzantsi Afrika.
Asiyiyo yonke imihobe engumhobe wesizwe. Yintoni umhobe? Yintoni umhobe wesizwe?

- Kutheni le nto owethu umhobe wesizwe ubhalwe ngeelwimi ezahlukeneyo?
- Kubaluleke ngantoni ukuba nomhobe wesizwe?

Khawucinge ngamaxesha abe mathathu apho uve khona abantu becula uMhobe weSizwe. Wabhale phantsi.

Masibhale

Onke la magama amalunga nezandi. Khethela isivakalisi ngasinye igama elichanekileyo uze ulifakele.

thetha	cula	tswina	ncwina	bhonga

Injana iya  ____ _ xa ingakwazi ukungena ngaphakathi endlwini.

Kufuneka ume ngeenyawo xa  _____ uMhobe weSizwe.

Udade wethu omncinane uya  _____ xa eviswa ubuhlungu.

Nceda musa uku  _____ ngexesha lika "Takalani Sesame".

Inkawu iya  _____ xa isezintlungwini.

Masibhale

Usenokuba ngummi waseMzantsi Afrika, okanye usenokuba usuka kwelinye ilizwe. Uziva njani xa ucula uMhobe weSizwe welizwe lakho, okanye xa usiva abantu bewucula? Bhala izivakalisi zibe zibini:



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Umhla:

Sicinga ngomculo



Masibhale

Beka la magama ngolandelelaniso oluchanekileyo ukuyila izivakalisi.
Ungalibali ukuqala izivakalisi ngonobumba omkhulu nokuziphetha ngesingxi, uphawu lombuzo okanye uphawu lwesikhuzo.

ndandifuna ngokwam ukuzibonela

nguNothembi oludlalwa lomculo luni luhlobo

eMzantsi iindidi kukho zomculo Afrika ezahlukeneyo

kunene emangalisa uyimvumi



Masibhale

Qibezela isicwangciso-nkqubo sekonsathi esikolweni sakho.
Sebenzisa amagama akwibhokisi.

weSizwe	Chakachaka	Inqununu	Pata	boom
Zombhedesho	Ntyatyambo	Jacob	tsiba	Igubu

Isicwangciso-nkqubo

1. IBanga loku-I nelesi-2 – "UTata _____"
2. IBanga lesi-3 – "Pata _____"
3. IQela loMdaniso – "I_____iLothasi"
4. Iintombi zamagubu – "Boom di di _____"
5. IBanga lesi-4 – Iimvumi _____
6. IBanga lesi-5 – Iqela lentambula lika _____
7. IBanga lesi-6 – Makhe si __ tsibe
8. Imvumi elundwendwe – Yvonne _____ _____
9. UMhobe _____ – Nkosi Sikelel'iAfrika
10. Umbulelo – _____





Masibhale Bhala isicwangciso-nkqubo sakho.

Umzekelo	Owakho

ISIKOLO SAMABANGA APHANTSI SASEORANGE FARM

IKONSATHI YOMCULO NOMDANISO

6 EyoMnga 2013



Jonga isicwangciso-nkqubo sekonsathi kwakhona. Ungathini xa unokuzenzela eyakho ikonsathi? Cinga ngento onokuyifuna wena kweyakho ikonsathi. Zeziphi iimvumi onokuzifuna? Ingaba abahlobo bakho okanye usapho lwakho bebeya kudlala kwikonsathi yakho? Uyabafuna abadanisi?

Ngoku bhala esakho isicwangciso-nkqubo sezinto ezinokwenzeka kweyakho ikonsathi.

Isicwangciso-nkqubo

1. 4.
2. 5.
3. 6.

Masonwabe Ngoku bhala esakho isicwangciso-nkqubo sezinto ezinokwenzeka kweyakho ikonsathi.

Iqela Elididekileyo



Umhla:

ULisa uya elwandle

Makhe sithethe

Thetha ngomfanekiso. Yenza ntoni intombazana kwisahlulo ngasinye somfanekiso?

- Intombazana esemfanekisweni ikumkhosi wenqanawa. Ingaba umkhosi wenqanawa wahlukile kumkhosi nje kunye nomkhosi womoya? Xela isizathu.
- Wakhe wayikhwela inqanawa okanye iphenyane? Ukuba kunjalo, xelela iklasi ukuba kunjani na.
- Ungathanda ukuba yintoni wena kumkhosi wenqanawa? Xela isizathu.
- Uyaluthanda ulwandle? Xela isizathu.

Masifunde

Intombazana eyazibandakanya nenqanawa yokulwa



ULisa Hendricks wazibandakanya nomkhosi wenqanawa emva kokuqgiba isikolo. "Ndandingawufuni umsebenzi weyethoba ukuya kutsho kweyesihlanu," utsho. "Ndandifuna ukuphuma ndenze izinto. Kwaye umkhosi weenqanawa wawukhangeleka wahlukile kwaye unika umdla. Uninzi lwabahlobo bam lwalumangalisiwe. Ndandingumntu ongesiso isithethi."

Ubomi ezinqanaweni elwandle bunabo ubunzima. Uqeqesho olungundoqo lungumsebenzi onzima kakhulu. Luthi luphela usuku, ube udinwe usisinxekenxeke sele kunzima nokuma oku," utsho uLisa.

Ukulugqiba kwakhe uqeqesho olungundoqo, wagqiba ekubeni enze ezonxibelelwano. Wafunda indlela yokuthumela imiyalezo, into leyo ebaluleke kakhulu kumkhosi weenqanawa. Inqanawa nganye kufuneka yazise ezinye iinqanawa ngokuba kuqhubeka ntoni na kwaye baphi na. Bonke kufuneka babe nako ukuthetha okanye bathumele imiyalezo kubantu abasemhlabeni.

"Akukho namnye kumkhosi weenqanawa onako ukuthumela imiyalezo ngaphandle kwesebe lezoNxibelelwano," utsho uLisa.



ULisa waphinda wagqiba ekubeni afumane uqeqesho lokuba ligosa, ukufunda ukulawula izinto ezenziwa ngabanye oomatiloshe. Wayenebhongo kunene ukwamkelwa kwakhe. Kwezi zifundo kwakukho amadoda angama-44 kunye namanenekazi amabini kuphela. Le khosi yayinzima kakhulu. ULisa kwakufuneka aqiniseke ukuba uphile qete khon'ukuze abe nako ukunyamezela.

Inxalenye yoqeqesho lwakhe yayikukuya elwandle, kwaye uLisa uthi le yayiyeyona nto akholwayo yiyo. "Iveki yonke sasiyichithela ezinqanaweni kwaye elinye ixesha sasilichithela emanzini ngaphantsi kolwandle."

ULisa wayesoloko efuna okona kulungileyo. Wayedla ngokuthi yena ufuna ukuba nguMphathi womkhosi weenqanawa – esona sikhundla siphezulu segosa lomkhosi weenqanawa. Namhlanje, unomsebenzi okwinqanaba eliphezulu kakhulu kuMkhosi woKhuselo eMzantsi Afrika, usebenza njengommeli wesizwe sethu eJamani.

Makhe sithethe

- Yintoni iqhawe?
- Buza umhlobo wakho: "Abantu abafana nam nawe bangangawo amaqhawe?"
- Ngubani elakho iqhawe?
- Ucinga ukuba uLisa Hendricks ulilo iqhawe? Xela isizathu.
- ULisa uthi walufumana lunzima kunene uqeqesho olungundoqo. Ucinga ukuba yintoni uqeqesho olungundoqo?
- ULisa uthi wazibandakanya nomkhosi wenqanawa kuba wawukhangeleka unika umdla. Ucinga ukuba kutheni le nto wayewubona ngathi unomdla?
- Uyamazi ukuba yintoni na ummeli wesizwe? Kutheni le nto amazwe edinga ukuba nabameli?

Masibhale

Beka la magama ngokulandelelana kwealfabhethi.
Faka inani kwikholamu nganye ukusuka kwisi-1–6.

___ khosi	___ dika	___ bandakanya
___ sikolo	___ ndoqo	___ nto
___ mangalisa	___ phakathi	___ nqanane
___ nqanawe	___ mkhosi	___ apho
___ qiniseka	___ qhawe	___ qeqesha
___ chitha	___ khwela	___ ukuba



Umhla:

Ubomi bukaLisa kumkhosi wenqanawa



Masiqonde

Jonga kwibali elingoLisa Hendricks kwakhona.

- Kwakutheni ukuze uLisa Hendricks azibandakanye nomkhosi weenqanawa?
- Ucinga ukuba uthetha ukuthini xa esithi umsebenzi "eyethoba ukuya kutsho kweyesihlanu"?
  Yiyiphi impendulo echanekileyo kwezi zintathu zilandelayo?

1	Umsebenzi oqala yonke imihla ngentsimbi yethoba kusasa uye kuphela ngentsimbi yesihlanu malanga.
2	Umsebenzi apho usebenzela khona omnye umntu.
3	Umsebenzi otyhafileyo nalapho kwenziwa into enye okokoko.

- Kwakutheni ukuze abahlobo bakaLisa bamangaliswe kukuba ezibandakanye nomkhosi weenqanawa?
- Zeziphi izahlulo zoqeqesho lwakhe awathi wazifumana zinzima uLisa?
- Yintoni eyona nto wayeyonwabela kakhulu kuqeqesho lwakhe?
- Ingaba uLisa uqhube kakuhle kumkhosi weenqanawa?
  Xhasa impendulo yakho ngezizathu.





Masibhale

Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.

mangaliswa	hluke	mnandi	zingca	nzima

Ndiya _____ ngokuba ngummi waseMzantsi Afrika.

Uhambo lwesikolo oluya ezibukweni ngenene lwalu _____.

Nda _____ xa ubhuti wam evuma ukuya kundibukelisa umdlalo webhola ekhatywayo.

Umsebenzi wesikolo ndiwufumana ulula, kodwa ezinye iindawo zi _____.

Singamawele kodwa sa _____ kakhulu omnye komnye.





Masibhale

Nazi izinto awayezenza uLisa rhoqo kusasa phambi kokuba aye eluqeqeshweni lwakhe.
Le misetyenzana akayilandelelanisanga kakuhle. Mncede ayicwangcise kakuhle.

Ixesha	Umsetyenzana
05:30	Ndifumana isidlo sasemini
06:30	Ndenza umthambo kangangeeyure ezi-2
08:30	Ndingena iiklasi
09:00	Ndiyavuka
13:00	Ndifumana isidlo sakusasa

Ixesha	Umsetyenzana
05:30	
06:30	
08:30	
09:00	
13:00	

Masibhale



Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.

fumana isidlo sakusasa	fumana isidlo sasemini	thamba	ngena iklasi	vuka

Ngecala emva kwentsimbi yesihlanu kusasa ndiya _____.

Ngecala emva kwentsimbi yesithandathu kusasa ndiya _____.

Ngecala emva kwentsimbi yesibhozo kusasa ndiya _____.

Ngentsimbi yethoba ngentlazane ndiya _____.

Ngentsimbi yokuqala emini ndiya _____.



Umhla:

Umbongo omalunga nolwandle

Masifunde

Ulwandle

Ulwandle yindawo entle
Enobuhle obuninzi kunye nenzolo eninzi
Phezu kwentlabathi kukho amaqokobhe amaninzi
Anemibala emihle kangangokuba
angathengwa nasevenkileni.
Elwandle kukho iindidi-ndidi zezinto.
Ezinye ziyaluma, ezinye ziyabulala ezinye ziyahlaba.
Ndibawela ukukhwela ihlengesi.
Ukuba nje ukrebe akakho ecaleni kwam.
Ndiyaluthanda ulwandle, njengoko ubona.
Lulungiselelwe wena kwaye lulungiselelwe mna.

Nabila Jeeva

Masiqonde





- Ingaba uNabila uyaluthanda ulwandle? Xela isizathu.
- Yintoni onokuyifumana entlabathini?
- Kutheni eboyika nje ookrebe?
- Ucinga ukuba ulwandle olu lulungiselelwe oobani?

Jikeleza ngesangqa izinto zaselwandle ezilumayo okanye ezibulalayo okanye ezihlabayo:

ngca yolwandle | ookrebe | oonokrwece
oononkala | iminatha yokuloba | amaqokobhe
imithi etyekezwe ngamanzi | iintlanzi ezinolwamvila



Masibhale

Jonga amagama abhalwe ngqindilili kwezi zivakalisi. Watshatise negama (okanye amagama) elingezantsi elinentsingiselo efanayo. Bhala igama (okanye amagama) elichanekileyo kwisithuba esishiyiweyo.

kuligqiba	zinzima	ndiyazingca	unxibelelwano	obalaseleyo

Ukuba ndisebenza ngokuzimisela ndiya kuba ngumfundi ogqwesayo. _____

Ezinye izifundo esikolweni zilukhuni ngaphezu kwezinye. _____

Kubalulekile ukugcina uqhagamshelwano phakathi kweenqanawa ezahlukeneyo. _____

Kungekudala ndiza kuliphetha iBanga lesi-4 ndize ndingene kwiBanga lesi-5. _____

Ndiyazidla ngesiqu sam oko ndiqhube kakuhle kuvavanyo lwam. _____

Masibhale

Fakela amagama ashiyelelweyo. Sebenzisa la magama asebhokisini.



njengoko	kakhulu	nga	ukuba	ngoko	kwaye	kakhulu

Nje _____ ntombazana incinane uLisa wayefuna ukwenza into eyahlukileyo.

Ku _____ wathabatha isigqibo sokuya elwandle. Yayinye kuphela intombazana

eyayiqeqeshelwa _____ kumkhosi wenqanawa. ULisa kwakufuneka asebenze

nzima _____. Eyona nto yayinzima kakhulu yayiluqeqesho olungundoqo _____

kwakufuneka enze imisetyenzana enzima kakhulu. Eyona nto wayeyithanda _____

yayikukusebenza enqanaweni. Ukuba semkhosini wenqanawa wakwenza

kwalubizo lwakhe _____ waba nempumelelo enkulu.





Umhla:

Iposi-khadi eya kumhlobo





Masibhale

Ngenxa yokuba ekumkhosi wenqanawa, uLisa Hendricks ukholisa ukuhamba ngenqanawa. Zininzi iindlela zokuhamba. Zalisa itheyibhile. Bhala into ibe nye entle (elungileyo) nento ibe nye engentlanga (engalunganga) malunga nohlobo ngalunye lokuhamba.

Iindlela zokuhamba	Izinto ezintle	Izinto ezimbi
Ngenqanawa		
Ngebhayisikili		
Ngololiwe		
Ngebhasi		
Ngeenyawo		



Masibhale

ULisa wabhalela umhlobo wakhe iposi-khadi ngeliya xesha wayesenza uqeqesho olungundoqo. Kodwa wenza iimpazamo. Mncedise azilungise. Faka isangqa kwiimpazamo uze ubhale igama elichanekileyo ezantsi kwegama ngalinye eliphazanyiweyo.

Nikky endimthandayo

Ndipakathi zwabha kwikhosi yam yogqegqesho olungundoqo

kwaye ndiyifumana inzima kakhulu. Kodwa ndiza kuqinisekisa

ukuba ndiyayiqhiba kwaye ndiqhuba kakuhle.

Inqanaba elilandelayo lezifundo zam limalunga

Inqaba lokungqibela, mhlawumbi ke lona lingaphezu

kwazo zonke, kukukhwela inqanawa. Nditsha ziintambo.

Umhlobo wakho
Lisa

Isitampu

Ms N Makhoba
52 Spring Rd
Mamelodi
0021



Masibhale

Bhalela umhlobo wakho iposi-khadi umxelele ngento oyenzileyo ekuvuyise kakhulu.

- Bhala izivakalisi zibe zithandathu.
- Qiniseka ukuba uyayibeka idilesi yomhlobo wakho kwiposi-khadi.

Isitampu

Masonwabe

Khangela amagama eendidi ezahlukeneyo zezithuthi kwiphazili.

a	b	c	d	i	n	q	a	n	a	w	a
h	e	i	j	k	u	l	i	m	a	k	e
n	u	l	o	l	i	w	e	s	r	r	x
o	u	v	o	w	i	b	h	a	s	i	q
t	h	i	p	s	b	c	k	d	e	a	t
o	g	h	k	j	a	k	l	m	n	g	b
m	p	e	r	r	t	a	x	i	t	e	u
i	t	r	a	k	h	i	n	w	x	q	h
i	n	q	w	e	l	o	-	m	o	y	a
h	i	j	k	l	m	n	o	p	i	v	b

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

UPeter – Umntwana ohlala esitalatweni

Makhe sithethe

Thetha ngomfanekiso. Baphi aba bantwana? Ingaba banalo ikhaya kunye nosapho?
Ucinga ukuba banokuba bayasihamba isikolo? Ucinga ukuba banako ukutya okwaneleyo?

Masifunde

UPeter Phake uneminyaka eli-14. Kule minyaka mihlanu idlulileyo uPeter ubehlala esitalatweni kunye nee"tshomi" zakhe. Mihlanu iminyaka uPeter engenalo usapho anokulubiza ngokuba lolwakhe. Kodwa ngoku uPeter ufumene usapho olutsha. Uhlala nomakhulu womhlobo wakhe. Nali ibali likaPeter:

Ndazalelwa eKatlehong. Ndahlala apho kunye nosapho lwam ndada ndaneminyaka elithoba ubudala. Ndandinoodade ababini kunye nabantakwethu abane. Sasihlupheka kodwa umama wayendinyamekela kakuhle. Wayesoloko endinika zonke izinto endandizidinga.

Nangona kwakukho abantwana abaninzi, umama wayesenza sizive sinomahluko kwaye sinomkhitha. Wayedla ngokuchitha ixesha elininzi ethetha nje nathi. Ndandimthanda kananjalo notata wam, kodwa ixesha lakhe elininzi wayelichithela emsebenzini.

Ukudibanisa kwam iminyaka esixhenxe ndaqalisa ukuhamba isikolo. Ndandikonwabela ngokwenene ukufunda. Ngexesha leeholide sasidla ngokuya eSenekal siye kutyelela umakhulu wam. Kwakuba mnandi kakhulu. Ndandidla ngokwalusa umhlambi weenkomo ndize ndidlale namanye amakhwenkwe apho.

Kodwa ke umama kunye notata wam baye basweleka kwingozi ethile. Ndaya kuhlala nosapho olusebumelwaneni, baze oodade wethu kunye nabantakwethu bona baya kwezinye iintsapho. Abantu abasebumelwaneni babenobubele kwaye bendikhusele kumzi wabo, kodwa babengafuni ukuba ndiye esikolweni. Ndandisebenza kwivenkile yabo.



Loo nto yandenza andonwaba ngoko ke ndazimela.



Ndabamba uloliwe oya eRhawutini. Ndandingazazi nalapho ndandisiya khona kodwa kwiSitalato iPark ndadibana namakhwenkwe athile. Andixelela ukuba ndingangumhlobo wawo. Ndazibandakanya nawo, kodwa akazange andixelele indlela yokuya esikolweni. Ayehlala esitalatweni.

Iminyaka emihlanu elandelayo ndayichithela esitalatweni. Ndaye ndabanjwa kuba amapolisa ayecinga ukuba ndibe ukutya evenkileni. Ndahlala inyanga yonke ejele.

Ukukhululwa kwam ndaye ndacinga ngobomi bam. Ndadibana nomhlobo omtsha owayeze kudlala epakini apho ndandiye khona ndifuna ukukhe ndihlale ndodwa. Wandixelela ukuba ndingahlala nomakhulu wakhe ukuba ndingahamba isikolo. Ukususela ngoko, ndihleli naye. Ndonwabile ngoku. Ndihlala nabantu abandikhathaleleyo kwaye ndinako nokuya esikolweni ndifunde.



Makhe sithethe

- Uyintoni umahluko phakathi komntwana ohlala esitalatweni kunye nomntwana ohlala kunye nosapho?
- Usapho lukaPeter lwaluhlupheka. Wayeyihoyile le nto yena? Kutheni?
- Kwenzeka ntoni bakusweleka abazali bakaPeter?
- Kutheni le nto ucinga ukuba usapho olusebumelwaneni lwalungafuni nje ukuba aye esikolweni?
- Kutheni le nto ucinga ukuba uPeter wahlobana nabantwana awayengabazi ukufika kwakhe eRhawutini?



Masibhale

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo. Bhala la magama angqindilili kwisichazimagama sakho.

sinomahluko	ndathathwa ngamapolisa
ndandikonwabela	iqela lezilwanyana
umhlambi	ukugcinwa kakuhle ngumntu
bendikhusele	ukuyoliswa
ndabanjwa	sifana sodwa



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukucinga ngoPeter

Masiqonde

Wahlala ixesha elingakanani uPeter esitalatweni? Ngubani elinye igama elithetha "ootshomi"? Nazi iimpendulo ezintathu. Yeyiphi echaneklileyo?

1	Oobhuti noosisi
2	Umama notata
3	Abahlobo



Wayengakanani ubudala uPeter ukubanjwa kwakhe?

Uhlala nabani uPeter ngoku?

Ucinga ukuba uPeter uza kuhlala nomakhulu womhlobo wakhe okanye ucinga ukuba uza kubuyela esitalatweni? Xela isizathu.

Bhala phantsi amagama amabini akuxelela ukuba uPeter wayesithanda kakhulu isikolo.

Masibhale

Khetha igama/amagama afanelekileyo kwisivakahsi ngasinye uze uwakrwele umgca ngaphantsi.

1. Izilwanyana zasefama zazinomdla/zazinik'umdla/zazisemdleni.
2. UPeter wayethabathekile/wayethatyathekiswa/wathabatheka ngabantu baseRhawutini.
3. Umama kaPeter wayedla ngokumbalisela amabali umdla/anika umdla/anomdla.
4. UPeter wayesithanda isikolo kwaye umdla/wayenika umdla/wayenomdla kwisiNgesi.

Yintoni ocinga ukuba inika umdla? Bhala izivakalisi ezithathu ezimalunga nento ekunika umdla nokuba kutheni ikunika umdla nje:

Masibhale

Beka ezi zivakalisi kwiikholamu ezichanekileyo.

1. UPeter ngumntu omtsha.
2. UPeter wahlala nosapho lwakhe wada wadibanisa iminyaka elithoba.
3. Wakonwabela ukuchitha iiholide kunye nomakhulu wakhe apho wayesalusa imfuyo.
4. Abazali bakaPeter basweleka waza waya kuhlala nosapho olusebumelwaneni.
5. UPeter uhlala nomakhulu womhlobo wakhe.
6. UPeter wonwabe kakhulu.

Okwenzeka ngoku	Okwenzeke kwixesha elidlulileyo

Masibhale

Ingaba ezi zivakalisi zichaza inyani okanye uluvo?



Umzekelo:

UPeter wahlala ezitalatweni iminyaka emihlanu. (inyani)
UPeter uza kuqhuba kakuhle kwisikolo sakhe esitsha. (uluvo)

UPeter wayehlala nabazali bakhe eKatlehong.	
Ndicinga ukuba bonke abantwana abahlala ezitalatweni basuka emaphandleni.	
UPeter wasiqala isikolo eneminyaka esixhenxe ubudala.	
IRhawuti yeyona ndawo iphucukileyo eMzantsi Afrika.	
UPeter uhlala nomakhulu womhlobo wakhe.	

Umhla:

Ukuya esikolweni

Masifunde

Isikolo yindawo
yokufunda
nokonwaba

Kwaye xa ikota iphelile,
owekota umsebenzi
ugqityiwe.
Yiveki inye nje siphinde
sibuye
Kwaye zonke iincwadi
zethu zibuyela kwiingxowa
zethu
Ootitshala bayangxola, "
Ncedani!"



IJografi nezeMbali? Kowu! Hayi ndiyeke. Ekugqibeleni unyaka uphelile, owonyaka umsebenzi ugqityiwe. Kwaye ngoku siphindela kulonwabo lweeholide.

Kim Muller noNadine Phillips

Masiqonde

Khetha esona sihloko sifanele lo mbongo kolu luhlu lulandelayo:

1	Abantwana basezidolophini
2	Isikolo
3	Iiholide ziyonwabisa



- Iincwadi zifakwa "engxoweni". Yiyiphi enye into onokuyisebenzisa ukuphatha iincwadi zakho?
- Kwenzeka ntoni ekupheleni kwekota nganye?
- Kutheni ucinga ukuba ootitshala bangxola bathi "Nceda"?
- Ucinga ukuba abaya bantwana babini babebhale lo mbongo bayayithanda iJografi kunye nezeMbali? Xela isizathu.



Masibhale

Isivakalisi ngasinye apha ngezantsi sinegama elibhalwe ngqindilili. Tshatisa igama ngalinye elibhalwe ngqindilili negama elikuluhlu elinentsingiselo echasayo.

qala	tshona	zinomdla	bayasebeza	bayazola

Ootitshala **bayacaphuka** xa abantwana bengafundi. _____

Ezinye izifundo esikolweni **zidika** ngaphezulu kwezinye. _____

Isikolo **siphela** ekupheleni konyaka. _____

Ndinqwenela ukuba **ndiphumelele** ukuphela konyaka. _____

Ootitshala **bayangxola** xa abantwana bengamameli ngenyameko. _____

Masibhale

Fakela amagama ashiyelelweyo.

bayo	bamxelele	waye	bampha	bona

UPeter, inkwenkwana eselula yaseKatlehong, yahlala ngokonwaba nosapho lwayo bada abazali _____ basweleka. Wahlala nosapho olusebumelwaneni kodwa _____ akonwaba waza wazimela wemka. ERhawutini waye wadibana neqela labantwana abahlala esitalatweni. Walandela _____ kwaye _____ ukutya kodwa abazange _____ indlela yokuya esikolweni.





Umhla:

Ukungena nokuphuma enkathazweni



Masibhale

Cwangcisa ezi zivakalisi ngokulandelelana kwazo.
Bhala amanani ukusuka kwisi-1–5.

	UPeter wamenywa ukuba aye kuhlala nomakhulu womhlobo wakhe.
	UPeter wazimela waya eRhawutini.
	UPeter wahlala nosapho olusebumelwaneni.
	Abazali bakaPeter basweleka.
	UPeter wayedla ngokutyelela ifama kamakhulu wakhe eSenekal.



Masibhale

Bhala ibali elimalunga nomntu omaziyo owaye wasenkathazweni esikolweni okanye ekhaya. Bhala imihlathi emithathu. Sebenzisa la magama.

yena	yona	bona

Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukukuncedisa ukucinga into omele ukuyibhala. Nabani na ofunda ibali lakho kufuneka azifumane zonke iimpendulo zale mibuzo.

- Lingabani ibali lakho?
- Lo mntu uselula uhlala phi?
- Wayengene nini lo mntu enkathazweni?
- Kwakutheni ukuze lo mntu angene enkathazweni?
- Wayengene njani yena enkathazweni?
- Kwenzeka ntoni kulo mntu?
- Wafunda ntoni lo mntu kwiimpazamo zakhe?





Masibhale

Zenze ngathi unguPeter. Kufuneka ubhalele umakhulu womhlobo wakho ucele ukuhlala naye.

Bhala imihlathi ibe mibini. Kumhlathi wokuqala mxelele ukuba ungubani na nokuba kutheni umbhalela nje. Kumhlathi wesibini mxelele ukuba uza kuya esikolweni nokuba kutheni ufuna ukuya esikolweni nje.

Khumbula:
- Bhala idilesi yakho.
- Yiqale ubuye uyiphethe ngokufanelekileyo ileta yakho.
- Qala isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu.
- Zisebenzise ngokuchanekileyo izingxi.





Teacher

Date:

Sign:

Masonwabe

Nceda uPeter afumane indlela eya kwikhaya likamakhulu womhlobo wakhe.



















Umhla:

Imbovane nehobe

Masithethe

- Xa ucinga ingaba izilwanyana ziyancedana?
- Ingaba isilwanyana esincinane singakwazi ukunceda isilwanyana esikhulu?
- Ingaba umntu omncinane angakwazi ukunceda umntu omkhulu?
- Ucinga ukuba ingaba izilwanyana ziyathetha? Nika izizathu zempendulo yakho.

Masifunde

Imbovane nehobe

Ngenye imini eyayishushu kunene, umbovane wayehleli ecaleni komlambo. "Akuz'uba mnandi ngako ukudada," wacinga. Wafaka umlenze wamnye emlanjeni, waphinda wafaka omnye, waphinda wafaka omnye. Ngephanyazo, wawela ngaphakathi. Amanzi ayebaleka ngamandla kangangokuba akazange akwazi ukuphuma.



"Ncedani!" wakhwaza. "Ndiyarhaxwa!" Kodwa akuzange kubekho mntu umvayo xa ekhwaza. Kwathi xa imbovane iqinisekile ukuba iza kurhaxwa, kwagqitha ihobe lizibhabhela. Labona ukuba imbovane isengozini laza lawisa igqabi phakathi emanzini. Laba ngathi liphenyane elincinane yaza imbovane yakhwela kulo.



"Enkosi hobe. Ngenye imini nam ndiza kukunceda". Ihobe lasuka lahleka. "Umncinane kakhulu ukuba unganako ukundinceda, mbovane encinane." Labhabha lemka.

Kwagqitha iinyanga ezininzi. Kwasuka, ngenye imini,

Aa Bb Cc Dd Ee Ff Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm





imbovane yabona ihobe lithe ngcu emthini.
Wathi engekatsho nokuthi "molo" kwagqitha indoda iphethe isaphetha kunye notolo. Yayiza kulidubula ihobe.
Ngokukhawuleza, imbovane yathi krwence krwence yonyuka ngomlenze wendoda yayiluma. "Shu-u!" yakhwaza indoda yaluwisa utolo lwayo.

"Enkosi," lakhwaza latsho ihobe libhabha lisimka. "Umncinane, kodwa ubusindisile ubomi bam."



Masithethe

- Kwakutheni ukuze imbovane ifune ukudada?
- Kwaye kwenzeka ntoni kuyo?
- Lamsindisa njani ihobe?
- Yona imbovane yalisindisa njani ihobe?



Bhala

Beka la magama ngokolandelelaniso lwealfabhethi.
Faka inani ecaleni kwegama kwikholam nganye ukusukela kwisi-1 ukuya kwisi-5.

	hobe
	hashe
	hamba
	hayi
	halala

	kubi
	kunye
	kufuphi
	kude
	kutya

	phanyazo
	phaya
	phanga
	phaphama
	phala

Umhla:

Sicinga ngembovane nehobe



Masiqonde

Leliphi ixesha lonyaka ocinga ukuba kwenzeka ngalo eli bali?
Khetha libe linye. Kutheni usitsho nje?

entlakohlaza	ekwindla	ehlotyeni	ebusika

Eli bali yintsomi. Yintoni intsomi? Khetha enye yezi mpendulo zilandelayo:

	1. Ibali elinabalinganiswa abazizilwanyana elinesifundo elisifundisayo
	2. Ibali elingezithixo kunye namagorha
	3. Ileta emfutshane

Khetha amagama abe mathathu achaza imbovane.

likroti	iyageza	inenkathazo	iyazidla	inenkathalo	ligwala	ikhaliphile

Wasebenzise la magama ubhale izivakalisi ezithathu.



Bhala

Krwela umgca ukutshatisa isiqalo sesivakalisi ngasinye esingasekhohlo kunye nesiphelo esichanekileyo ngasekunene.



Yayiyimini eshushu kunene		kodwa akakho umntu owayivayo.
Ihobe alizange liyikholelwe imbovane xa		liwise igqabi.
Ihobe layinceda imbovane ngokuthi		yayilunywa yimbovane.
Indoda yakhala ngokuya		yayisithi inako ukulinceda ihobe.
Imbovane yakhwaza kakhulu		imbovane yayibawela ukudada kamnandi.
Umzingeli wathatha isaphetha kunye notolo lwakhe		ukuze adubule ihobe.



Bhala

Dibanisa izivakalisi. Sebenzisa la magama angezantsi.

kwaye	kuba	kodwa



Umzekelo:

Ihobe lawisa igqabi emanzini.
Lalifuna ukunceda imbovane.
Ihobe lawisa igqabi emanzini kuba
lalifuna ukunceda imbovane.

Imbovane yayishushu.
Yayifuna ukudada.

Indoda yayinesaphetha kunye notolo.
Yayifuna ukudubula ihobe.

Lahleka ihobe.
Lalingacingi ukuba imbovane inganako ukulinceda.

Indoda yaphantsa yalidubula ihobe.
Yalunywa yimbovane.

Bhala

Fakela amagama ashiyelelweyo. Eyokuqala yenziwe njengomzekelo.

Inye	Zininzi
ibhabhathane	amabhabhathane
imbovane	
	iinyosi
	iimpukane
ingcongconi	
ihobe	

Umhla:

Imbovane iza neendaba ezimnandi ekhaya

Masifunde

Imbovane embovaneni

Zinxibelelana njani iimbovane? Azikwazi ukuthetha kodwa kuyafuneka ukuba zixelelane ukuba kuqhubeka ntoni na. Ziyenza njani le nto? Zikhupha ivunjana elinomahluko.



Utya isangweji. Iimvuthuluka zezonka ziwa phantsi. Hayi wethu, akunamsebenzi. Akukho zimbovane apha! Kodwa khawume kancinane! Zikhona iimbovane ezimbini ukuya kwezintathu ezihlola-hlola imvuthuluka. Hayi wethu, akukho ngxaki. Iimbovane ezimbalwa azikhe zihluphe mntu. Kodwa khawuqwalaselisise. Ezi zidalwa zincinanana ziwangawangisa iimpondo zazo emoyeni.



Ngephanyazo, enye yazo iyabaleka inqumle umgangatho ize iphele emehlweni. Intlola ifumene ukutya, ngoku iyahamba iya kuxelela ibutho leembovane. Kodwa kufuneka iyikhumbule indlela ebuyela ekutyeni. Imbovane ayishiyi mizila yeenyawo. Ishiya umzila wevumba.

Yakufika intlola endlwaneni ixelela ezinye iimbovane ngevumba layo ukuba ifumene ukutya. Ngoku kubakho uvuyo olukhulu. Kwakamsinya ziyasuka, zibaleke emva kwentlola zilandela umzila wevumba ebeliwushiye ngasemva. Ngephanyazo, kubakho umgca omde weembovane emgangathweni. Eziya mvuthuluka zisendleleni eya endlwaneni.



Masiqonde



- "Zithetha" njani iimbovane?
- Ziyifumana njani indlela ebuyela kwindlwana yazo?
- Ucinga ukuba iimbovane ezi zididalwa ezicocekileyo okanye ezimdaka? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Tshatisa amagama akwibhokisi engasekhohlo kunye neentsingiselo zawo. Krwela umgca osuka kwigama ngalinye ukuya kutsho kwintsingiselo yalo.

nxibelelana	umntu othunyelwe ukuba aye kufuna iinkcukacha
iimpondo	iqela elikhulu leembovane ezihlala kunye
Ibutho leembovane	thetha
intlola	izinto ezikhula kwintloko yesinambuzane

Bhala

Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.



ibutho	akunamsebenzi	uwisa	kunjalo	azikwazi

Iimbovane _____ ukuthetha. Zisebenzisa iimpondo zazo ukunxibelelana.

Xa _____ iimvuthuluka zezonka, iimbovane ziyazichola.

Hayi wethu _____ ukuwisa iimvuthuluka zokutya phantsi. Iimbovane ziza kuzitya ezo mvuthuluka.

_____ kanye! Imbovane engukumkanikazi yona ishiyeka ngasemva.

Yho! Khawujonge. _____ leembovane.

Umhla:

Ukuhlela ibali

Bhala Beka ezi zivakalisi ngolandelelaniso oluchanekileyo ukuyila umhlathi.

Emva kwethutyana imbovane yacinga ukuba iza kuf a yaza yakhwaza icela uncedo.
Ngaminazana ithile eyayishushu kunene, imbovane yagqiba ekubeni iye kuziphozisa emlanjeni.
"Ungakhathazeki," latsho ihobe. "Ndiza kukunceda."
Ngelishwa, yasondela kakhulu yaza yawela ngaphakathi.
"Enkosi. Ubusindisile ubomi bam," yatsho imbovane. "Ngenye imini nam ndiya kukunceda." Lawisa igqabi emlanjeni.
Imbovane yaye yasebenzisa igqabi njengephenyane.

Bhala Zalisa la maqamza entetho.













Masonwabe

Khangela indlela onokutshintsha ngayo unobumba omnye kwinqanaba ngalinye ukwenza igama elitsha.

Umzekelo:



Tshintsha ubeka aye kutsho kucola ngamanyathelo amane.

beka	betha	lola	lilo	cola

Ngoku krwela umgca ngaphantsi konobumba/oonobumba abatshintshayo kwinqanaba ngalinye: gula ukuya kutsho ku-phila ngamanyathelo amane

gula	gudla	gila	phinda	phila

vula ukuya kutsho ku vala ngamanyathelo amathathu

vula	sula	suka	zula	vala



qina ukuya kutsho ku thamba ngamanyathelo amathandathu

qina	qiqa	qula	thatha	thamba

Zama ukuyenza ngokwakho le:

cupha ukuya kutsho ku chopha ngamanyathelo amathathu



Umhla:

Intsomi yokudalwa komSan

Masithethe

- Ucinga ukuba lithetha ukuthini igama elithi ukudala?
- Ikho into owakha wayidala?
- Ngubani ocinga ukuba wadala ihlabathi?
- Ucinga ukuba ngubani owakudalayo?

Masifunde



Intsomi yokudalwa komSan

UMntanezulu wayekho
kwasekuqalekeni kwehlabathi.
Inyosi ethile yamthwala
yamweza ngaphaya
kwezantyalantyala zamanzi awayegubungele umhlaba omtsha.

Le nyosi yaziva igodola kwaye idiniwe. Yakhangela umhlaba oqinileyo apho yayinako ukothula lo mthwalo. Yaye icotha ngokucotha ukubhabha oku, yaye isondela ngokusondela emanzini. Ekugqibeleni, kwavela intyatyambo enkulu emhlophe idada phezu kwamanzi, ithiwe nyi nje ukuvulwa oku.

Wambeka uMntanezulu embindini wentyatyambo waza watyala kuye imbewu yomntu wokuqala. Le mbewu yayikhuselekile emoyeni nasemanzini.





Yaye yafa loo nyosi. UMntanezulu waye wavukela kwelo langa lentsasa kwaza kwadaleka umntu wokuqala ongumSan.



UMntanezulu sisithixo sokuqala samaSan esathi sadala saza sazithiya amagama zonke izinto. UMntanezulu othandazayo uthumela imvula aze enze nokuzingela kube kokulungileyo. Ukhusela abantu kwizigulo nasezingozini. Kodwa amaSan awanquli uMntanezulu. Anqula ilanga, inyanga kunye neenkwenkwezi, kodwa hayi kuMntanezulu.





Masithethe

- Wakha wambona uMntanezulu?
- Ungasebenzisa awaphi amazwi ukuchaza uMntanezulu?
- Ziziphi izinto ezintle athi uMntanezulu azenzele abantu abangamaSan?
- Ingaba kubalulekile ukwenzela abantu izinto ezintle?
- Khawuthethe ngezinto zibe mbini ezintle okhe wazenza.





Bhala

Tshatisa amagama kunye neentsingiselo zawo. Krwela umgca osuka kwigama ngalinye uye kutsho kwintsingiselo yalo. Bhala amagama akho kwisichazi-magama sakho.

IGAMA
wayekho
izantyalantyala
oqinileyo
umthwalo
ukhusela

INTSINGISELO
ukuna kwemvula ngamandla
into ekunzima ukuyinyamezela
inqanda ingozi ingabi senzeka
owomeleleyo
ukuba sendaweni ethile





Umhla:

Sicinga ngoMntanezulu, umSan kunye nenyosi

Masiqonde



Leliphi elinye igama labantu abangamaSan? Khetha kula magama alandelayo.

AbaThwa	AmaXhosa	AmaZulu	AmaTsonga

Inyosi noMntanezulu othandazayo baqiniseka ukuba umntwana wokuqala wamaSan uyazalwa.

Ucinga ukuba kwakutheni ukuze kukhethwe inyosi? Khetha elona gama lifanelekileyo ukugqibezela esi sivakalisi.

ukuluma	ukwenzakalisa	ukukhaba	ukusuzela

Umbhali wakhetha inyosi kuba inako _____
ezinye izinambuzane ezizama ukuyithintela.

Yintoni le uMntanezulu awakhusela kuyo amaSan?

Anqula bani amaSan?



Bhala

Krwela umgca ngaphantsi kwegama elivakala libizeka njengeliya lokuqala.

cotha	bhabha	khotha	buka	suka
beka	thenga	ngena	dala	seka
luma	thetha	khwela	vuma	vuza
nqula	sula	suka	cola	beka
thandaza	phola	khomba	khalaza	lunga



Bhala Gqibezela itheyibhile

Umzekelo: isitulo	isitulwana	isitulokazi
umlambo		
ilityе		
icephe		
isilo		
indlu		

Bhala Phinda ubhale ezi zivakalisi zilandelayo. Qala isivakalisi ngasinye ngo-Izolo.

Umzekelo:



Imo yezulu inomoya kwaye iyana.
Izolo imo yezulu ibinomoya kwaye isina.

Inyosi ithwala uMntanezulu ngomlomo wayo.

Inyosi ibeka uMntanezulu embindini wentyatyambo.

Imbewu ikhuselekile kwimozulu embi.

UMntanezulu ukhusela abantu engozini.

Krwela umgca phantsi kweentloko ezikwezi zivakalisi zilapha ngasentla.

Qaphela: Izahlulo ezahlukeneyo zesivakalisi zinamagama anomahluko. Elinye lawo yintloko. Ikholisa ukuba sisibizo, kwaye isoloko isiba sekuqaleni kwesivakalisi. Ikuxelela ukuba ngubani na okanye yintoni na eyenzayo okanye eyinto ethile.

Umzekelo:

UAnna udlalisa inja.

Imvula indenza ndibe manzi.



Umhla:

Ululamile okanye ulambile?

Masifunde

Abanye abantwana bezulu bangaphezulu kweesentimitha ezili-10 ubude. Kukho izigaba ezithathu kubomi bomntanezulu: iqanda, umbungu, kunye nesinambuzane esidala. Imibungu mincinane kakhulu kwaye ayinazo iimpiko. UMntanezulu othandazayo uphila isithuba esimalunga nonyaka omnye.



UMntanezulu ukhangeleka ululamile xa uzingela ukutya. Kuphela kwesinambuzane esikwaziyo ukujiyika intamo yaso ifikelele kumgangatho we-180. Esi ke sisiqingatha sesangqa. UMntanezulu othandazayo usebenzisa amehlo akhe abukhali xa uzingela.



Xa uphumle imilenze yawo engaphambili uyimisa ngokungathi uyathandaza. Imilenze yakhe yangaphambili inamaqoqo abukhali awasebenzisa ukunqakula ixhoba lakhe. Abantwana bezulu bafana nokubangqongileyo, bakholisa ukuba luhlaza okanye mdaka. Bayalilinda ixhoba labo ukuba lisondele, baze balinqakule ngokukhawuleza balitye. Abantwana bezulu bayawatya namacikilishe, iinyoka, amasele, iintaka kunye neempuku ezincinane.

Abantu abamthathi uMntanezulu njengesitshabalalisi. Abanye abalimi bezitiya bade babakhulise abantwana bezulu ukuze batye ezinye izinambuzane ezinobungozi kwizitiya zabo. Amalulwane, iintaka kunye noonomeva bayabatya abantwana bezulu.

Masiqonde

- Kutheni le nto umntanezulu kusithiwa nguMntanezulu "othandazayo"?
- Xa ujonga uMntanezulu, ubonakala e-ethe-ethe. Ingaba unjalo? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ucinga ukuba banako ukuzimela iintshaba zabo? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ngawaphi amanqanaba amathathu ebomini boMntanezulu?
- Bhala izivakalisi ezibini ezimalunga nendlela uMntanezulu alibamba ngayo ixhoba lakhe.



Bhala

Tshatisa la magama kunye neentsingiselo zawo. Krwela umgca osuka kwigama ngalinye elingasekhohlo uye kutsho kwintsingiselo yalo engasekunene.

ululamile	ummandla osijikelezileyo
amaqoqo abukhali	ezenzakalisayo
ixhoba	uchubekile
okusingqongileyo	amanqanaba ekwenzeka kuwo izinto
izigaba	isilwanyana esibulawa sesinye ngeenjongo zokusitya
ezinobungozi	njengameva





Bhala

Beka ezi zivakalisi zilandelayo ngolandelelaniso oluchanekileyo ukwenza umhlathi. Ungalibali ukuqala izivakalisi zakho ngonobumba omkhulu nokuziphetha ngesingxi.

UMntanezulu waye wavukela kwelo langa lentsasa kwaza kwadaleka umntu wokuqala ongumSan. Inyosi yaye yaf'a.

Ekugqibeleni, kwakudada phezu kwamanzi intyatyambo enkulu emhlophe ithiwe nyi nje ukuvulwa oku.

Wabeka uMntanezulu embindini wentyatyambo waza wamtyala kwimbewu yomntu wokuqala.

UMntanezulu wayekho kwasekuqalekeni kwehlabathi.

Inyosi ethile yamthwala yamweza kwizantyalantyala zamanzi awayegubungele umhlaba. UMntanezulu othandazayo sisithixo samaSan esadala izinto saza sazithiya amagama. UMntanezulu othandazayo uthumela imvula aze enze nokuzingela kube kokulungileyo.



Umhla:

Okunye malunga noMntanezulu



Bhala

Bhala ingxelo malunga nomntanezulu othandazayo.
Bhala izivakalisi ezibini phantsi kwesihloko ngasinye.

UMntanezulu othandazayo

ngu _____

Indlela akhangeleka ngayo

Apho ahlala khona

Izidalwa ezityа uMntanezulu

Ukutya okutyiwa nguMntanezulu

Elona nqaku linomdla endilifundileyo

Bhala

Tshatisa izaci/amaqhalo kunye neentsingiselo zawo.
Krwela umgca osuka kwisaci/iqhalo oya kwintsingiselo yalo.

Isaci/iqhalo	Intsingiselo
Nokuba umqhagi awukho kuyasa kona okungaliyo.	Abantu abatsha abanalwazi lungaphezulu kolwabantu abadala.
Abancinane abangekhe baf undise abadala isiko.	Musa ukuya kwiindawo ezinobungozi.
Musa ukuyilandela inyoka isiya kungena emngxunyeni.	Akakho umntu obaluleke kangangokuba asinakwenza nto ngaphandle kwakhe.

Ngoku bhala esakho isaci. Ingasisaci osele usazi, okanye ibe seso uziqwebele sona.

Masonwabe

Ungakwazi ukuyityhila ikhowudi yerula?
Bhala unobumba ngamnye ezantsi kwenani elikwirula. Qikelela umyalezo.



A	3, 5, 10	L	13
B	4, 11	N	1, 8
E	14	O	7
G	2	W	6, 9
I	0; 12	?	15



INGABA _ _ _ _ _ _ _ _ _ _

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Indlela ipikoko eyazifumana ngayo iintsiba zayo

Masithethe

- Jonga kumfanekiso wepikoko. Thetha ngeentsiba zayo, isisila sayo, amanqina ayo, kunye nendlela ema ngayo.
- Ucinga ukuba yintaka entle le? Yintoni entle ngayo?



Masifunde



Kudaladala, ipikoko yayikade iyintaka engentlanga. Iintsiba kunye nesisila sayo zazimdaka ngebala futhi zingacocekanga, kwaye yayinamanqina ashwabeneyo angaqhelekanga. Ngenye imini, xa uPikoko wayexakekile exhola ukutya emhlabeni, uIndra, isithixo sesibhakabhaka, wadlula kufutshane naye ebaleka.

"Uyaphi ungxame kangaka?" wabuza uPikoko.

"Isikhohlakali sokumkani uRavana uzama ukundibamba. Kwaye nangona ndisisithixo ndikwazi nokusebenzisa umbane ukwenzakalisa abantu, yena uRavana ayikho into enokumchukumisa. Into endinokuyenza ukusindisa ubomi bam kukuzimela kuphela. Kodwa ayikho indawo endinokuzimela kuyo apha."

"Yiza khawuleza. Ndiza kuphakamisa isisila sam uze ke wena uzimele emva kwaso."

URavana akazange ambone uIndra koko wasuka wamgqitha waya kungena esizikithini sehlathi.

"Enkosi, enkosi," watsho uIndra. "Umbi kakhulu kodwa ukhaliphile. Ukukunika umvuzo ngokukhalipha kwakho, ndiza kukwenza ube yeyona ntaka intle kwihlabathi liphela."

Uthe ukuba atsho, yajika ipikoko. Iintsiba zayo zaba nguluhlaza wesibhakabhaka oqaqambileyo saza isisila sayo sona saba sisiphozisi esihle esiluhlaza esinamehlo abugolide.

UPikoko wazijonga emanzini wayibona indlela awayemhle ngayo. Wasuka wazidla kakhulu emana ehamba-hamba ejikeleza ethe qhiwu intloko. Rhoqo xa ebona imazi yepikoko, eyayiseneentsiba ezimdaka ngebala yona, wayesinweba isisila sakhe ukuyibonisa indlela awayemhle ngayo.

Kodwa yintoni engazange itshintshe? Amanqina akhe! Qho xa uPikoko ejonga amanqina akhe ebona indlela amabi ngayo, wayedla ngokusiwisa isisila sakhe aze enze isikhalo esikrakra!

Kwi-Indiya yakudala kwakudla ngokuthiwa rhoqo xa uPikoko esenza isikhalo ngelizwi elihlabayo, loo nto yayithetha ukuba kuza kubakho iindudumo, imibane kunye nemvula. UIndra, isithixo seendudumo kunye nemibane, wamenza uPikoko wasisithunywa sakhe.



Masithethe

- Yayikhangeleka njani ipikoko phambi kokuba itshintshwe?
- Yakhangeleka njani emva kokuba itshintshiwe?
- Waziphatha njani emva kokuba eye wamhle ngokuthe chatha?
- Ukhona umntu omaziyo ozicingela ukuba mhle kakhulu?
- Uziphethe njani?





Bhala

Funda inkcazelo uze uvale isithuba esingenanto ngelona gama lifanelekileyo kolu ludwe.

ububi	ukukhalipha	ukuzidla	ukwenza isikhalo esikrakra	isithunywa

Ukukhala ngelizwi elihlabayo _____

Umntu osiphathela iindaba ezivela komnye umntu _____

Ukungabi mhle tu _____

Ukuzingca kakhulu ngembonakalo yakho _____

Ukukwazi ukujongana nokumelana nengozi _____



Umhla:

Sicinga ngepikoko

Masiqonde

Khetha esona sihloko sebali sifanelekileyo:

	UIndra usaba kwisithixo esinamandla
	Indlela ipikoko eyafumana ngayo iintsiba zayo
	Ipikoko kunye nemazi yepikoko

Intsomi libali elisoloko linabalinganiswa abazizilwanyana. Kwaye ingeziganeko ezingeyonyami. Isifundisa isifundo.

- Intsomi libali elikholisa ukuba nabalinganiswa abazizilwanyana, kwaye imalunga neziganeko ezingeyonyaniso. Isifundisa isifundo xa ucinga ingaba ibali lepikoko liyintsomi? Xela isizathu.
- Kwakutheni ukuze uIndra atshintshe iintsiba kunye nesisila sepikoko?
- Ucinga ukuba uPikoko wayethandeka phambi kokuba atshintshe abe yintaka entle okanye emva kokuba enziwe wamhle? Nika izizathu zempendulo yakho.

Bhala

Sebenzisa amagama akwibhokisi achaza indlela eyayikhangeleka ngayo ipikoko phambi kokuba ibe ntle nasemva kokuba ibe ntle.

imbi	intle	ubhulowu oqaqambileyo	luhlaza	mdaka
ukungacoceki	amehlo abugolide	ukungaqheleki	ukushwabana	

Phambi	Emva

Bhala

Jonga isihloko kunye nomqolo wokuqala walo mbongo ungezantsi. Zikuxelela ukuba ungantoni na. Ezinye izivakalisi zizivakalisi ezixhasayo. Zisixelela ngakumbi malunga nesivakalisi esingundoqo. Phofu, ezinye izivakalisi azibalulekanga nganto kulo mbongo. Ezi zivakalisi azisixeleli nto malunga nengongoma ephambili. Uze ungaziquki ke ezi zivakalisi xa uphinda uwubhala lo mbongo.

IPikoko



Pikoko, Pikoko, imibala yakho mihle,
Nondlwane owonwabileyo omncinane
Obo buhlaza bufana nobolwandle, akwaba
Ubungowam iipateni zakho ezintle zikhangeleka okomnyama.

Ngalo mibala imangalisayo iluhlaza, eluhlaza
Okwesibhakabhaka namthubi, Utsibela apha, utsibela
Phaya Ushukuma kakuhle, ngondiliseko nangeqhayiya,
Kwaye isandi sesikhalo sakho singxola kakhulu,
Amehlo akho anomlingo kwaye aluhlaza ngokumangalisayo

Kwe! Kwe! Ubiza abahlobo bakho
Ngokwenene ungumbono omele ukubonwa.

Phinda ubhale lo mbongo zingabikho izivakalisi ezingabalulekanga nganto:

Umhla:

Kuthengiswa ipikoko esisilo-qabane

Masifunde

Kuthengiswa ipikoko eNelspruit: Kuthengiswa ipikoko entle eluhlaza okwesibhakabhaka. Ineenyanga ezili-14 ubudala. Indalo entle ekhuliswe ekhaya, ilulame ngokupheleleyo. Igxotha amasela ngesikhalo sayo esikrakra. Iphila njengesilo-qabane sasesitiyeni kwaye ayizuli. Ebusuku ilala kwishedi yesitiya okanye kwisakhiwo esikhulu. Iyakwazi ukuhlala nezinye iintaka.



Zixabisa imali engama-R250

Tsalela umnxeba kuNksk Nguni.

ku-083 041 5678



Masiqonde

- Uthengisa ntoni uNksk. Nguni?
- Ufuna malini ngale ntaka?
- Kuthetha ukuthini ukuthi "Igxotha amasela ngesikhalo sayo esikrakra"?
- Ucinga ukuba le ntaka ilulamile okanye yeyasendle? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ingaba iyakwazi ukwenza abahlobo? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Lithetha ntoni igama "isilo-qabane"?

Bhala

Krwela imigca esuka kumagama akwicala elingasekhohlo eya kumagama akwicala elingasekunene agqibezela izivakalisi.



Ipikoko yayinyalasa	emhle kwaye esempilweni.
Iintsiba zakhe	ngelizwi elihlabayo emini.
Wasitsho isikhalo	kwisangqa esijikeleze imazi yepikoko,
Wadanisa	zazinombala oqaqambileyo oluhlaza okwesibhakabhaka.
Watya ukutya kwakhe ukuze ahlale	ngokuzingca yonke imihla ijikeleza isitiya.

Bhala

Bhala owakho umbongo ngepikoko. Ungawasebenzisa amagama kunye nezimvo ezikweli phepha lemisebenzi.

- Umbongo wakho kufuneka ube nobude obuyimiqolo emithandathu.
- Kwimiqolo emithathu yokuqala:
- Chaza indlela ipikoko ekhangeleka ngayo.
- Kwimiqolo emithathu yokugqibela:
  Chaza iingxolo ezenziwa yipikoko kunye nendlela eshukuma ngayo.





Umhla:

Ukukhangela ikhaya elilungileyo

Bhala

UNksk. Nguni uthengisa ipikoko yakhe. Abantu abadli ngakuthanda ukuzithengisa izilo-maqabane zabo, kodwa ngamanye amaxesha kuyanyanzeleka. Yiba nomfanekiso wakho unesilo-qabane ekufuneka usithengise. Bhala isibhengezo-ntengiso salo.

Kwisibhengezo-ntengiso sakho qiniseka ukuba:

- Usichaza ngokupheleleyo isilwanyana.
- Uyaxela ukuba yintoni na esenza sibe nomahluko.
- Uyaxela ukuba sixabisa malini na.

Ubhala phantsi igama kunye nenombolo yakho yomnxeba khon'ukuze abantu baqhagamshelane nawe. Ukuba uyathanda, ungazoba umfanekiso wesilwanyana sakho.



Bhala

Dibanisa amagama awalatha isenzo (izenzi) akwibhokisi engasekhohlo kunye namagama achanekileyo ezinto/abantu/iindawo (izibizo) akwibhokisi engasekunene.

khaba

polisha

songa

ukuzalisa

sayina

fakela

ukunxiba

iqampu



itshekhi

idyasi

ifomu

amanzi

izihlangu

ibhola

iphepha

iqhosha

Masithethe

Kuthetha ntoni oku?

Ulifundile ibali elimalunga nepikoko embi eyaguquka yantle. Ucinga ukuba kuthetha ukuthini ukuthi "ukuzidla ngathi yipikoko"?

Ngoku thetha ngokuba ucinga ukuba oku kuthetha ntoni na:

- Ukuba nentaka
- Ukukhatywa yinkawu
- Ukonwaba oku kwegwangqa
- Indlovu ayisindwa ngumboko wayo





Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ingonyama nempuku

Masithethe

- Ucinga ukuba isidalwa esincinane singakwazi ukunceda isidalwa esikhulu? Njani?
- Likhona ibali lebhayibhile olaziyo apho umntu omncinane waye woyisa umntu omkhulu?
- Ucinga ukuba ubukhulu obu yinto esoloko ibalulekile? Nika isizathu sempendulo yakho.

Masifunde



Ngenye imini, iimpukwana ezincinane ezimbini ezingwevu zazibukele ingonyama enkulu neyoyikekayo ilele igcakamele ilanga. "Khawubaleke phaya phezu kwempumlo yakhe," yatsho enye. "Ukhangele ukuba iza kuvuka na!"

Ngoko impukwana encinane egezayo yabaleka phezu kwempumlo yengonyama, kwaye kwenzeka ntoni?" Kakade, ingonyama yavuka yayibamba impuku ngelo thuphakazi layo likhulu.

Elo gqomogqomo lengonyama lavutha ngumsindo kwaye laliza kuyityа nqwam nqwam impukwana encinane engwevu. "Yhu hayi, nceda musa ukunditya, ngonyama," yadomboza impukwana sele igubha, "Ngenye imini ndiya kukunceda!"

Yasuka yahleka ingonyama. "Wena? Umncinane kakhulu ukuba unganceda nabani na, mpukwana encinane! Awunako ukunceda mna!" Kwathi, kuba yayingalambanga, ingonyama yayiyeka impukwana yahamba.



Kancinci nje emva koko, ingonyama yayibaleka ethafeni. Ngephanyazo, yaya kungena emgibeni owawenziwe ngamadoda elungiselela ukubamba impunzi. Yayingumnatha omkhulu kwaye ingonyama yayibambeke nkwalakatha. Yayingakwazi nokushukuma, kodwa yayikwazi kona ukugquma.

"Ncedani! Ncedani! Ncedani!" yagquma. "Ndisindiseni kulo mgibe."

Kwagqitha impunzi. "Andisobe ndikuncede," yatsho impunzi. "Kule veki iphelileyo utye umntakwethu."

Kwagqitha umvundla utsiba-tsiba. "Andisobe ndikuncede," watsho umvundla. "Kule veki iphelileyo utye umama."

Emva koko, yafika impukwana encinane engwevu. "Awukhange unditye kule veki iphelileyo," yatsho. "Ndiza kukunceda."

Impukwana encinane engwevu yawugrenya umnatha. Yagrenya yagrenya yagrenya. Lathi litshona ilanga kwabe sele kuvuleke umngxuma omkhulu ngokwaneleyo ukuba ingonyama ingaphuma.

"Enkosi, mhlobo wam omncinane. Ngoku ndiyazi ukuba nezilwanyana ezincinane zinako ukunceda izilwanyana ezikhulu ezifana nam," yatsho ingonyama.



- Ucinga ukuba eli bali liyinyaniso? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ucinga ukuba eli bali lisifundisa isifundo? Ucinga ukuba sisiphi eso sifundo?
- Wakhe wamnceda omnye umntu okanye isilwanyana?
- Xelela iklasi ukuba wakhe wanceda bani na kwaye umnceda njani na loo mntu okanye eso silwanyana.



Bhala

Khangela amagama phaya ebalini athetha ukuba "ncinci" okanye "khulu". Wabhale kwiikholamu ezichanekileyo.

ncinci	khulu

Umhla:

Sicinga ngengonyama kunye nempuku

Masiqonde

Jonga ibali lengonyama kunye nempuku kwakhona.
Ucinga ukuba singathini isihloko seli bali?

Intsomi libali elisifundisa indlela yokuziphatha okanye isifundo esithile.

Ucinga ukuba ibali lengonyama kunye nempuku lisifundisa isifundo?
Ucinga ukuba sesiphi eso sifundo?

Jonga ezi zaci uze uxele ukuba sesiphi na esona sihambelana gingci neli bali:

	Esihleliyo sidl'ukuhlala, esiphilayo sesithwethwayo.
	Isandla sihlamba esinye.
	Kungafa intaka endala amaqonda ayabola.
	Inkqayi ingena ngentlontlo.

- Kwakutheni ukuze impukwana iyiphazamise ingonyama?
- Kwakutheni ukuze ingonyama igqibe ekubeni ingayityi impukwana?



Bhala

Dibanisa isiqingatha sokuqala sesivakalisi kunye nesesibini.
Qhuba ke ngoku ubhale izivakalisi ezichanekileyo kwisithuba esisezantsi.

Igqomogqomo lengonyama	ukuba ubomi bayo busindiswe.
Impuku encinane yacenga yacenga	amazinyo ayo abukhali ngokwenene.
Ingonyama yangena emgibeni kuba	lalizingqengqele kamnandi elangeni.
Impukwana yayinayo into eluncedo,	ngokuzingca kwayo okukhulu.
Ingonyama kwakufuneka icele uxolo	yayingajonganga ngenyameko.



Bhala

Qaibezela izivakalisi ezikwitheyibhile. Bhala izivakalisi eziphelelelyo phaya ngezantsi kwetheyibhile. Ungalibali ukuqala isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu nokusiphetha ngesingxi.

Ingonyama yayiza kuyitya impuku	kuba
Ingonya yagqiba ekubeni ingayityi impuku	kuba
	kuba impuku yayincinane.
Impunzi ayizange ifune ukuyinceda ingonyama	kuba
Ingonyama yayicinga ukuba ibalulekile	kuba
	kuba impuku yamsindisa.

Masonwabe

Yiba nokhuphiswano kunye nabahlobo bakho ukhangele ukuba ungakhawulezisa kangakanani na ukwenza le nto.

Jonga kwibali lengonyama kunye nempuku.

- Krwelela igama elithetha ukucaphuka kakhulu.
- Rhangqa igama elithetha ukungcangcazela.
- Faka umbala kwigama elithetha ukuhlafuna amasuntswana amancinane ngexesha.
- Faka u X ecaleni kwegama elithetha umhlaba omkhulu ovulekieyo.
- Phawula igama elithetha ukuthi wacenga.



Umhla:

USerena ujongisisa ibali laseAfrika

Masifunde



Iingonyama kwisidlo sasemini

Libhalwe nguMary Pope Osborn, imiboniso nguSal Murdocca
Ijongisiswe nguSerena

Eli bali limalunga noJack kunye noAnnie abatyelela amathafa aseAfrika. Apho babona izilwanyana ezahlukeneyo ezifana neendlulamthi, amaqwarhashe neenqu. Iqhina ekufuneka balisombulule lithi, "Ndingumbala ogolide kwaye ndilulame kakhulu kodwa yilumkele ingozi encathame kufutshane nam." Bayaphumelela ukulisombulula eli qhina phambi kokuba babuyele ekhaya.

Eyona ndawo ndiyithandayo kule ncwadi kulapho indlovu itshiza khona uAnnie ngamanzi aphuma kumboko wayo. Le ncwadi iyahlekisa kuba uAnnie uyaqhubekeka edlala nezilwanyana kwaye uJack yena uyamnqanda kuba woyikisela ukuba angadibana neengonyama. Ndiyayithanda kananjalo indawo apho uJack kunye noAnnie badibana khona nejoni leMasai naxa besabelana nalo ngebhotolo yabo yamandongomane. Imifanekiso ekule ncwadi indikhumbuza ngezilwanyana endizibona kumyezo wezilwanyana.

Ndicinga ukuba abantwana bangayithanda le ncwadi kuba ufunda ngezilwanyana ezahlukeneyo eAfrika kwaye inika umdla.

Masiqonde

- Ibhalwe ngubani le ncwadi?
- Ngubani ozobe imifanekiso yale ncwadi?
- Yiyiphi eyona ndawo ayithandayo uSerena kule ncwadi?
- Ithini impendulo yeqhina ekufuneka lisonjululwe nguJack kunye noAnnie?
- Yiyiphi indawo apha eAfrika ocinga ukuba bayityelela? Ukuba awuyazi, fumanisa ukuba ayevela phi na amajoni aseMasai.
- Khawuzobe umfanekiso oza kuhambelana nokujongisiswa kwencwadi.

Bhala

Khetha amagama achanekileyo kwibhokisi ukugqibezela izivakalisi.



ucothayo	secaleni	phambi	semva	khawuleza ngaphezu

Ingonyama i _____ kunempuku.

Impuku i _____ kwengonyama.

Impunzi i _____ komvundla.

Ingonyama i _____ komvundla.

Umzingeli ngoyena _____ kubo bonke.

Bhala

Jonga kula mfanekiso wempuku xa ikhupha ingonyama emgibeni. Bhala phantsi kwiqamza lentetho oko ucinga ukuba bayakuthetha omnye komnye.



Umhla:

Bulisa imikhombe

Bhala

- Bhala ibali.
- Jonga imifanekiso kunye namagama angundoqo ukuyila ibali lakho.
- Qala ngokwenza imephu ebusigcawu. Sebenzisa iphepha elingacacanga.
- Fakela amagama angundoqo kwimephu yakho ebusigcawu.
- Hlela ibali lakho ukuze ulungise iimpazamo ukuze uliphucule.

Amagama angundoqo
umlambo onodaka, iingcongolo ezisecaleni komlambo, ingca yamadlelo, ikhaya losapho lwemikhombe
musa ukuyenza loo nto, intaka encinane eluncedo, amakhalane kunye neentakumba, umama notata
akukho luncedo, qengqeleka, inkathazo
ukungadingi mhlobo, thanda iintakumba namakhalane
iintakumba namakhalane ziluma zilume, uzama ukuzisusa ngodaka, amanxeba aqalisa ukuba buhlungu
ubona ukhwalimanzi, nceda uncede, ayizi kukurhaxa, ngoku ngabahlobo abakhulu













Teacher

Date:

Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz





3



















Umhla:

Umvundla onomahluko



Masithethe

- Jonga emfanekisweni.
- Jonga umfanekiso ongasekhohlo. Ubona ntoni?
- Jonga umfanekiso ongasekunene. Ubona ntoni?
- Ingaba le mifanekiso yahlukile?
- Yahluke njani?



Masifunde

Ukusindisa umvundla womlambo





Imivundla yomlambo ifumaneka eMzantsi Afrika kuphela, eKaroo. Ngelishwa zizilwanyana zethu ezincancisayo ezizezona zingcungcuthekiswayo. Zisemngciphekweni wokunyamalala kuphele. Imivundla yomlambo ihlala ecaleni kwemilambo phaya eKaroo. Umhlaba phaya uyayivumela ukuba igrumbe imingxuma. Imivundla yomlambo idinga imingxuma yokukhulisa iintsana zayo, eziba ncinane kakhulu ukuzalwa kwazo – zinkulwana kancinane nje kunebhokisi yematshisi. Ezi ntsana kuthiwa ziikatana.

Amanye amafama awulimile laa mhlaba usecaleni kwemilambo. Ngoku amatyholo adingwa yimivundla yemilambo ayatshatyalaliswa. Zimbalwa kakhulu ngoku iindawo enokuhlala kuzo inyamekele iikatana zayo le mivundla.

ISouth African Wildlife Society iyazama ukuyisindisa le mivundla yomlambo. Amanye amafama eKaroo avumile ukuyikhusela le mivundla kwiifama zawo. Kananjalo kukho inkqubo yokufuya ekumyezo wezilwanyana obizwa ngokuba yiDe Wildt Nature Reserve. Apho bafuya imivundla kwiindawo ezikhuselekileyo. Banqwenela ukuyibuyisela eKaroo le mivundla, apho iyeyakhona.



Masithethe

- Lingantoni ibali?
- Ingaba imivundla yomlambo iyafana nemivundla eqhelekileyo?
- Ucinga ukuba kutheni le nto ibizwa ngokuba yimivundla yomlambo?
- Ingaba umvundla womlambo usemngciphekweni? Xela isizathu.









Bhala

Kumqolo ngamnye, tshatisa igama lokuqala, elibhalwe ngqindilili, kunye nentsingiselo yalo ekuluhlu. Amanye amagama akuluhlu athetha izinto eziyeleleneyo. Khetha elona gama lifanelekileyo.

Bhala amagama abhalwe ngqindilili kwisichazi-magama sakho.

ngcungcuthekisa	ukumka	ukunxunguphala	ukufa	ukoyika
inyamakazi	itonele	imingxuma	imingxuma	imithi
esincancisayo	iintaka	iinyosi	izilwanyana	amasele
nyamalala	ukuncipha	ukuphela	ukwanda	ukuvela
tshabalalisa	ukoyikisa	ukwenzakalisa	ukulahla	ukonakalisa

Umhla:

Sicinga ngomvundla womlambo



Masiqonde

- Ufumaneka phi umvundla womlambo?
- Ziba ngakanani iintsana xa zisandul'ukuzalwa?

Kutheni le nto imbalwa kangaka imivundla yomlambo eshiyekileyo? Bhala izivakalisi zibe zibini.

Enza ntoni amafama ukusindisa ubomi bomvundla womlambo. Bhala phantsi izinto zibe mbini.

Bhala

Bhala phantsi isichasi segama ngalinye kula.
Khetha elona lifanelekileyo kwibhokisi.

ukhuseleko	ukwala	ukungakhuseleki	ukuhamba
ihlobo	kulungile	ukufana	umfazi
isiduna	ukungcungcuthekisa	iyahluka	iyakwazi ukuvunywa

indoda _____

ingozi _____

ukuvuma _____

ukubuya _____

ukwahluka _____

Bhala

Zonke ezi zivakalisi zimalunga nomvundla womlambo, kodwa ezihlanu kuzo zimalunga nesihloko esinye, ezibini azingeni ndawo kuba zimalunga nenye into. Ziziphi izivakalisi ezingangeni ndawo?

	Imivundla yomlambo ihlala ecaleni komlambo eKaroo.
	Umhlaba waseKaroo ukulungele ukwenza imingxuma yayo.
	Zitya izityalo ezikhula ecaleni komlambo.
	Usana lulingana nebhokisi yematshisi.
	Zisemngciphekweni wokunyamalala.
	Amafama alima kufutshane nemilambo kwaye ayayitshabalalisa imingxuma.
	Iikatana zincinane kakhulu.



Bhala

Phinda ubhale ezi zivakalisi zingezantsi ngokungathi zenzeka kudala.



Kukho imivundla yomlambo emininzi eKaroo.

Zininzi iikatana zemivundla yomlambo ezizalwayo rhoqo ngonyaka.

Amafama alima imihlaba ekufutshane nomlambo.

Bayawatshabalalisa amatyholo kunye nohlaza.

Umhla:

Amanani abalisa ibali elilusizi

Masifunde

Jonga kwigrafu. Funda amanani angasekhohlo, kunye neminyaka esemazantsi.





Masiqonde

- Ibonisa ntoni le grafu?
- Yayimingaphi imivundla yomlambo eyayikho ngowe-1995?
- Kungowuphi unyaka apho kwakukho eyona mivundla yomlambo imbalwa?
- Ingaba inani lemivundla yomlambo laye landa phakathi konyaka wama-2005 nowama-2010? Kutheni?

Imivundla ludidi lwezilwanyana olusemngciphekweni. Ithetha ukuthini le nto? Khetha ibe nye kwezi mpendulo zintathu zingezantsi.

	1. Zisengozini yokunyamalala kuphele.
	2. Ziyafuduswa zisiwa kwenye indawo eMzantsi Afrika.
	3. Ziyafuduswa zisiwa kwiifama ezingaphandle kweKaroo.

Bhala umhlathi malunga nokuncipha kwemivundla yomlambo ukususela kunyaka we-1995 ukuya kutsho kowama-2010. Umhlathi wakho mawungadluli kwimiqolo esibhozo.



Bhala Kwakukho izinja ezininzi epakini.

Kwakukho _____

ezininzi epakini.

Ikati zazibaleka izinja.

_____ zazibaleka izinja.

Imivundla yomlambo ihlala ecaleni konxweme lomlambo eKaroo.

_____ zomlambo zihlala ecaleni konxweme lomlambo eKaroo.

Amadada amaninzi adada emilanjeni.

_____ amaninzi adada emilanjeni.

Iimazi zeenkomo zityia ingca eluhlaza.

_____ atya ingca eluhlaza.



Uyaqaphela ukuba amagama amabini kula uwafakeleyo ayafana?

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukunyamekela izilwanyana

Bhala

Kukho iimpazamo ezikhoyo kwesi saziso. Zilungise. Hlaba igama elinesiphene, krwela umgca osuka kwelo gama uye ngaphandle kwebhokisi, uze ubhale igama elilungisiweyo apho.



Imivundla yomlambo

Imivundla isengozini yokulahleka kwelaseKaroo.

Umasipala ucela amafama ale ndawo ukuba ahlukane nokulima umhlaba okufutshane namanxweme emilambo.

Yonke imivundla yemilambo ngoku izizilwanyana ezikhuselweyo. Nabani na ofunyenwe esenzakalisa imivundla uza kuhlawuliswa iRI 000.

Igunyaziswe nguSodolophu



Bhala

Yiba nomfanekiso weempuku ezimhlophe zisengozini yokulahleka. Sebenzisa le bhokisi ilapha ecaleni ukubhala isaziso esiza kuxhonywa emthini kwingingqi yakho. Kwisaziso sakho:

1. Cela abahlali ukuba bathabathe uxanduva lokulondoloza iimpuku zibe mbalwa.
2. Cacisa ukuba kutheni na le nto ufuna bazigcine iimpuku.
3. Baxelele ukuba kufuneka bazityise itshizi enomahluko rhoqo iimpuku.

Isaziso kufuneka sigunyaziswe nguMphathiswa weZilwanyana.

Ukuphela kweempuku



Bhala

Zithandeni izilwanyana mawethu
Uthando kaloku ngundoqo
Zonk'izinto ziyalunqwenela
Azinakwenza nto ngaphandle kwalo



Bhala owakho umbongo kwangale ndlela inye. Umbongo wakho kufuneka ube malunga namanzi, ngoko ke sebenzisa igama elithi AMANZI ukuze likunike unobumba wokuqala womqolo ngamnye:

A

M

A

N

Z

I



Bhala

Jikeleza ngesangqa igama elinesingqi esinye negama lokuqala. Omnye kule miqolo unamagama amabini anesingqi esinye. Ungakhe uwakhangele?

bonana	thetha	thandana	funda	tshata
impempe	ihempe	ilokhwe	umnqwazi	isihlangu
bhalisa	tshatisa	vela	khalisa	sika
tshona	sela	bona	thula	khaba
bhala	lunga	fika	khala	zama



Masonwabe

Tyhila ikhowudi
Nika unobumba ngamnye wealfabhethi inani, uqala ngo A = 1. Ngoko:

A = 1	B = 2	C = 3	D = 4	E = 5	F = 6 njl. njl

Ngoku khawutyhile ukuba kuthiwani na apha:

21	25	1	20	8	1	14	4	1

21	11	21	6	21	14	1	?





Umhla:

Inyosi edanisayo

Masithethe

Jonga kwimifanekiso uze uthethe ngayo.

Masifunde

Iinyosi ezidanisayo



Yiba nomfanekiso wemini efudumeleyo yehlobo. Uhleli phandle elangeni, umana urhabula isiselo esibandayo. Yonke into izolile ngaphandle kwengxolwana ebhubhuzayo etsholo phantsi. Ukubhubhuza kuyaphela. Wolula isandla sakho ukuze uthathe isiselo sakho esibandayo suka uyibone; isinambuzane esimdaka esinoboyana sikhotha udini olu lweglasi. Yinyosi! Phofu yinyosi eyintlola, umsebenzi wayo kukukhangelela ezinye iinyosi ezikwindlu yeenyosi ukutya.

Emzuzwini nje omnye ukuya kwemibini, iyabhabha imke iye kuxelela ezinye iinyosi oko ikufumeneyo.



Into yokuqala eyenzayo yakufika kwindlu yeenyosi kukuzivuselela. Ikwenza oku ngokubaleka ngezangqa ezincinane. Xa inyosi isenza lo mdaniso wayo, ingawushukumisa nomzimba lo wayo. Zonke iinyosi ziyangungelana ukunukisa ijusi ekwinyosi eyintlola. Zisebenzisa iimpondo zazo ukunukisa, ngoko ke ziyayichukumisa ijusi ekwinyosi ngeempondo zazo.

Ukuba iinyosi ziyayithanda incasa kunye nevumba lesiselo sakho zibek'iindlebe kwinyosi eyintlola. Inyosi eyintlola iyaqhuba ithethe nazo ngokuzidanisela inyakazisa umzimba. Ukuba ikhawulezisa

kakhulu ukushukumisa umzimba wayo, ukutya kukude kakhulu. Ukuba ishukuma ngokucotha, ukutya kukufuphi. Ngoku iinyosi ziyazi ukuba ziza kubhabha umgama ongakanani na ukuya kwisiselo sakho esibandayo.

Ngoko musa ukuchitha ixesha elide ufunxa isiselo sakho esibandayo; ungazibhaqa sele kufuneka wabelane nehlokondiba leenyosi ngaso!



Masithethe

- Ingaba iinyosi zizisebenzela zodwa okanye zisebenza nezinye iinyosi?
- Kutheni ucinga njalo nje?
- Ziziphi izinto eziluncedo ezifumaneka ekusebenzeni kunye?
- Uthanda ukusebenza kunye nabantu okanye uthanda ukusebenza wedwa? Xela ukuba kutheni na.

Bhala

Kumqolo ngamnye, Tshatisa igama lokuqala nentsingiselo yalo ekuluhlu. Amanye amagama akuluhlu aphantse athethe into enye. Khetha elona gama lifanelekileyo. Bhala amagama abhalwe ngqindilili kunye namagama ahambelana nawo kwisichazi-magama sakho.

isango	valela	isakhelo	ucango	isiphelo
intsusa	unobangela	umthombo	bonelela	imvelaphi
intlola	umzingeli	isidla-nyama	ukufumana	umphandi
indlu	indawo	igumbi	ikhaya	ihoko
nyakaza	umbungu	shukuma	jubalaza	jija

Zoba imifanekiso ehambelana nezi zivakalisi.

Inyosi yabhabha yanqumla ebaleni yaya kutsho kwintombazana encinane eyayihleli phantsi komthi isela ijusi.
Yazama ukuyiphekuza inyosi ukuba ihambe isebenzisa isandla sayo sasekhohlo yaza yayichitha ijusi yayo eyayikwisandla sasekunene.

Umhla:

Sicinga ngeenyosi kunye nobusi

Masiqonde

Kutheni le nto inyosi ingcamla isiselo esibandayo sentombazana?

- Kutheni le nto inyosi ibuyela kwindlu yeenyosi?
- Zenza ntoni ezinye iinyosi ezingabasebenzi ukubonisa ukuba ziyayithanda kusini na loo nto ifunyenwe yinyosi eyintlola?
- Amazwi athi "ukubek'iindlebe" athetha ukuthini?

1	ukubukela kakuhle umamelisise
2	ukusondela kakhulu kangakoko kunokwenzeka enyosini
3	ukugxalathelana ecaleni kwenyosi

Zenza ntoni iinyosi ukubonakalisa ukuba ukutya kukude na okanye kukufuphi?

Bhala

Qaqa ezi zivakalisi.
Sebenzisa amagama asebhokisini.

ivumba	ndiva	bona	kuvakala	ncasa

Umama wam wenze imiqhathane esebenzisa ubusi.

Ndaliva  _____ lazo ngeli xesha zibhakekayo.

Ukuba ndijonga ngenyameko, ndingazi 

_____ iinyosi xa zibhabhela kwindlu yazo.

 _____ njani ukubamba inyosi?

Yeka isiselo sakho! Mamela,  _____

amakhulu-khulu eenyosi esiza ngakuthi!

Uyafuna ukukhe ulume kule sangweji yam yobusi?

Ine  _____ emnandi.





Bhala

Ezi zivakalisi ziqhawu-qhawulwe zazizahlulo ezithathu zaza zaxutywa. Tshatisa izahlulo.

Umzekelo:

Utitshala wam utya isangweji yakhe yobusi.

Iinyosi	lubukele	kwindlu yazo.
Intombazana	lulilela	isangweji yakhe yobusi.
Amanye amakhwenkwe	yenzela	idami yalo yobusi.
Usana	utya	ukuphakula ubusi.
Usapho lwam	azama	utitshala isangweji yobusi.
Utitshala wam	ziyabhuza	inkqubo yeenyosi kumabonakude.

Bhala

Makhe senze isangweji yobusi



	Sika isangweji ibe ziziqingatha ezibini.
	Yityе kwakamsinya.
	Tshiza ubusi kwisilayi sesonka esiqatywe ibhotolo.
	Beka esinye isilayi sesonka phezu kwesinye.
	Qaba ibhotolo kwisilayi esinye sesonka ngebhozo lokuqaba ibhotolo.
	Thatha izilayi zezonka zibe zibini.

Umhla:

Umsebenzi onzima kunye namakhaya

Masifunde

O, khawutsho,
nyosindini exakekileyo,
Uyaphi na? Uyaphi na,
Uya kusebenza okanye uya kudlala?

Ndibhabhela esitiyeni
Apho iintyatyambo zidubula khona
Kuba kufuneka ndenze
Ubusi obumnandi namhlanje

Masiqonde

- Uthini umbuzo obuzwa ngulo mntu?
- Uthetha nabani?
- Ngubani ophendula umbuzo?
- Iya phi?
- Iya kwenza ntoni?

Bhala

Zihlala phi ezi zilwanyana? Khetha awona magama afanelekileyo kulawa akwibhokisi uze uzalise ngawo izivakalisi.

kwindlu	kwindlwane	kwindlu yeenyosi	kwimingxuma	kumqolomba

Iinyosi zenza ubusi bazo _____.

Imivundla ihlala _____ yayo xa kushushu kakhulu phandle.

Umhlambi weengonyama waya kulala _____ wawo wakugqiba ukutya impunzi.

Inja ilala _____ yayo ebusuku.

Intaka izalele amaqanda amaninzi _____ yayo.

Bhala



Funda amagama asebhokisini. Tshatisa igama ngalinye elikumgca ongasentla kunye negama elikumgca ongezantsi elinentsingiselo elichasayo. Qhuba ubhale isivakalisi ngegama ngalinye.

qinile	mnandi	khanyayo	cimile	phezulu	shushu
layitile	phantsi	muncu	mnyama	banda	thambile

Umzekelo



Xa umama esenza isopholo iba shushu.
Andiyityi ngoko nangoko, iyabanda.

Umhla:

Ukuxela amalungu omzimba wenyosi

Bhala

Uyazibona eziya bhokisi zingenanto kulo mfanekiso wenyosi? Zilungiselelwe ukuba uleyibhelishe umfanekiso ngokubhala igama elifanelekileyo kwibhokisi nganye. Sebenzisa amagama akuluhlu ukuleyibhelisha umfanekiso.

1 ulwimi olubutyhubu
2 iphiko
3 intloko
4 imehlo
5 imilenze
6 iimpondo



Ngoku zoba eyakho inyosi uze uyileyibhelishe kwangale ndlela inye.

Aa Bb Cc Dd Ee Ff Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm



Bhala

Phinda ujonge ibali elimalunga neenyosi elifumaneka ekuqaleni kwale ncwadi yemisebenzi. Funda inkcazelo malunga nomdaniso wazo. Yiba nomfanekiso wakho uyinyosi engumsebenzi. Ufumene ukutya okumnandi waza waya endlwini yeenyosi ukuya kuxelela abalingane bakho ukuba kuphi na ukutya nokuba kuyintoni na ukutya oko. Ziqwebele owakho umdaniso uze uxelele iinyosi endlwini yeenyosi konke ekufuneka zikwazi. Qhuba ubhale isivakalisi esimalunga nento ozixelela yona xa usenza intshukumo nganye yenyosi.

Xa ndibaleka kwizangqa ezincinane, sukube ndisithi, "Ndifumene ukutya."

Bhala

Nika ubusi bakho igama. Libhale kumantla eleyibheli yakho.

Bhala isibhengezo-ntengiso sobusi kumazantsi eleyibheli. Xelela abantu izinto zibe ntlanu malunga nobusi. Ungasebenzisa ezinye kwezi zimvo zingezantsi. Ukanti usenokuziqwebela awakho amazwi.

- I-10 000 leenyosi ladibana lenza obu busi.
- Ubusi buxabiseke okwegolide!
- Iinyosi zaseMzantsi Afrika bezisebenza ngokuzinikela ihlobo lonke.
- Ukwenza ikhilogramu yobusi, iinyosi zibhabha zisuka eRhawutini zisiya eKapa amatyeli asibhozo.
- Bumnandi esonkeni nasetini yakho.
- Bumnandi sele ubutya bodwa.
- Fumana loo ncasa iswiti.
- Benziwe ziinyosi ezisempilweni, ezonwabileyo.



Umhla:

Ikhangaru emangalisayo

Masithethe

- Iikhangaru zihlala eAustralia kuphela. Sisiphi isilwanyana ofunde ngaso esihlala eMzantsi Afrika kuphela ?
- Unayo into oyaziyo ngeekhangaru? Ukuba kunjalo, yintoni?
- Jonga imifanekiso yeekhangaru. Thetha ngale mifanekiso.

Masifunde

Dibana nekhangaru – umama omangalisayo nomngcilezi ohamba ngesantya esiphezulu.

Ukuba ubani ebenokukucela ukuba ukhe uphuphe ngesona silwanyana sinembonakalo efana yodwa, mhlawumbi ubuya kufumana ubunzima ukucinga ngesilwanyana esingaqhelekanga nesinika umdla ngaphezu kwekhangaru.

Iikhangaru zihlala eAustralia. Zityа ingca kwaye zihamba-hamba ngokungcileza. Zikhawuleza kakhulu kwaye zingahamba iikhilomitha ezingama-60 ngeyure. Zingatsiba kangangeemitha ezintathu ukuya phezulu.

Ikhangaru isebenzisa amazinyo ayo amabini angaphambili xa ihlafuna. Xa la mazinyo ephelelwe, ayawa. Kuphuma amanye amazinyo amabini kweziya ndawo zalawa madala. Ithi ikhangaru ifikelela kwiminyaka engama-20 ubudala, ibe sele isebenzisa amazinyo ayo okugqibela. Xa la nawo ephelelwe ikhangaru iyafa ngenxa yendlala.



Ikhangaru inesingxobo. Iluphatha usana lwayo,

ekuthiwa yi" joey", ngesi singxobo lude lukwazi ukuzinyamekela ngokwalo.

Indlela ekhula ngayo ijoey inika umdla.

Emva kweentsuku ezingamashumi amathathu lukhula esibelekweni sikanina, usana luyazalwa. Lukhangeleka okombundana oyimfama opinki. Luba malunga neesentimitha ezinthathu ubude. Imilenze yalo yangasemva kuxa iqalisa ukukhula.



Imilenze yangaphambili, eba mincinane kakhulu, yomelele ngokwaneleyo nje ukuluncedisa lugwencele lungene ngaphakathi kwisingxobo sikanina. Luhlala kwisingxobo sikanina ithuba elingaphezu kweenyanga ezintandathu, lusela ubisi olusuka kunina. Ngeli xesha, iyakhula ukusuka ekubeni ngumbundana oyimfama opinki ukuya ekubeni yikhangaru encinane enoboya. Imilenze yangaphambili neyangasemva iye isomelela. Iindlebe, amehlo kunye nempumlo nazo zikhula ngokupheleleyo.

Ngummangaliso womama kambe ikhangaru!



Masithethe

- Ucinga ukuba ikhangaru sisilwanyana esingaqhelekanga? Kutheni?
- Ahluke njani amazinyo ekhangaru kwawakho amazinyo?
- Ihamba njani ikhangaru?
- Ucinga ukuba zingoomama abalungileyo? Ngokuba kutheni?







Bhala

Khetha igama kuluhlu ngalunye elinentsingiselo esondeleyo yegama elibhalwe ngqindilili. Bhala la magama abhalwe ngqindilili kwisichazi-magama sakho.

ukungaqheleki	ukuhlekisa	ifana yodwa	yelinye ilizwe	mangalisa
isingxobo	ingxowa	isipaji	ingxowana	ipokotho
nika umdla	ubuhle	thabatheka	ukumila	ukufunxa
khula	phuhla	yandisa	yongeza	xandisa



Umhla:

Sicinga ngeekhangaru

Masiqonde

- Ihamba ngesantya esingakanani ikhangaru?
- Ikhangaru elusana ibizwa ngokuba yintoni?
- Kutheni le nto umama enesingxobo?
- Luhlala ixesha elingakanani usana lwekhangaru esingxotyeni sikanina?

Bhala

Sebenzisa ezi nkcukacha zilapha ecaleni ukubhala umhlathi oxela iinyani zodwa malunga nekhangaru.

Igama:	ikhangaru
Ubude:	0,6–1,5 m
Ubunzima:	i-0,6–1,5 kg
Esona santya siphezulu:	ama-55 km/h
Ubude bexesha eziphila ngalo:	iminyaka emi-4–10
Umbala:	mthubi-bomvu, mdaka, ngwevu
Okona kutya ikuthandayo:	ingca

Bhala

UKhangaru ongumama ukhathazekile ngumntwana wakhe. Uyambiza aze abuye eze kuye engcileza. Nantsi enye yezinto abazithethayo. Gqibezela enye.

UKHANGARU: Ngcileza uze ngapha, uphi? Buya uze ekhaya ngoku!

USANA: _____



UKHANGARU: Bendikuxelele ukuba uze ubuyele kwisingxobo sam ngecala emva kwentsimbi yesihlanu. Uyayazi ukuba kuba mnyama msinyane ebusika kwaye akukhuselekanga ukuba ube usephandle ebusuku!

USANA: _____

UKHANGARU: _____

USANA: Owu mama, bendisazonwabele. Singasifumana isidlo sangokuhlwa ngoku?

UKHANGARU: _____

USANA: _____

UKHANGARU: _____

USANA: Mathongo amnandi. Ndiyakuthanda uyeva!



Bhala

Guqula ezi zivakalisi zibe yimibuzo. Sebenzisa igama elikwisibiyeli kwisivakalisi ngasinye. Ungalulibali uphawu lombuzo.

Umzekelo:

Iikhangaru zihlala eAustralia. (Ingaba)
Ingaba iikhangaru zihlala eAustralia?



Iikhangaru zitya ingca, amaqunube kunye namandongomane. (yintoni)

Iikhangaru zitsiba kangangeemitha ezintathu ukuya phezulu. (kangakanani)

Iikhangaru zihlala eAustralia. (phi)

Iikhangaru zingoomama abalungileyo. (Ingaba)

Ikhangaru iluphatha ngesingxobo sayo usana lwayo. (ngantoni)



Umhla:

Amahla-ndinyuka

Masifunde



Wathi uNtlanzi kuKhangaru,
"Simangandini! Ungcileza njani!
Ngaphaya kwamathafa kunye
namanzi ngokunjalo,
Ngokungathi awusoze ume!
Ubomi bam buyadika kweli chibi lingcolileyo,
Kwaye ndinqwenela ukuphuma ndiye ngaphandle!
Akwaba bendikwazi ukungcileza njengawe!"
Watsho uNtlanzi kuKhangaru.

Masiqonde



- Ithetha nabani le ntlanzi?
- Iziva njani intlanzi ngobomi bayo echibini?
- Ubawela ukwenza ntoni?
- Ubawela ukuya phi?
- Ucinga ukuba inokuba intlanzi iyakunqwenela ukukwazi ukubhabha? Xela isizathu.



Bhala

Fakela izenzi ezishiyelweyo kwezi zivakalisi zilandelayo.

Ikhangaru _____ xa ihamba.

Iijoey _____ ngokukhuselekileyo kwizingxobo zoonina.

Iikhangaru _____ eAstralia.

Iikhangaru _____ ingca.

Ziyaphi iikhangaru? _____ ekhaya!

Bhala



Yenza izibini zezichasi ngamagama asebhokisini.
Qhuba ubhale isivakalisi ngesibini ngasinye samagama.

ngokukhawuleza	liqela	ninzi	ekhohlo	ngokuhlekisayo	khulu
mbalwa	ekunene	ngokundileka	mbalwa	ncinane	ngokucotha

Umzekelo:



Ikhangaru sisilwanyana esincancisayo esikhulu, kodwa ufudo lona luncinane.

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

UFinny ubhala iposi-khadi

Bhala



Ncedisa uFinny alungise iimpazamo ezikwiposi-khadi yakhe phambi kokuba ayithumele kuFred Fliptail. Krwelela impazamo nganye uze ubhale igama elichanekileyo ezantsi kwayo.

Fred endimthandayo

Kawufane ujonge nje uMnu. Highjump Khangaru! Awunqweneli

ukuba ube kanti ubukwazi ukutsibela phezulu njengaye.

Khawube nomfanekiso wezinto obuya kukwazi ukuzibona!

Imiphezulu yezakhiwo, iikayiti, amanye amachibi kunye nemilambo.

Ndiyathemba ukuba uphilile.
Ngothando Finny

Isitampu

Mr Fred Fliptail
The Pond
Wetlands Farm



Bhala

Yiba nomfanekiso wakho uyikhangaru. Kufuneka ungcileze kwaye utsiba-tsibe uye kutsho entlanjeni apho kukho okona kutya kunencasa onokukufumana. Zama ukungcileza nokutsiba-tsiba njengekhangaru.

Ngoku bhala umhlathi omalunga nesidlo sakho esimnandi.
Sebenzisa la magama akuncedise.

lambile	eyona ndawo ilungieyo yokufumana		khangela	
mnandi	nencasa	amandongomane	amaqunube	amakhowa

uhlaza olufana nengca, iingcambu kunye namatyholo
izinambuzane ezifana neentethe, iimbovane kunye namakhalane
hlafuna ukutya / ginya ukutya

Bhala

Bhalela umhlobo wakho iposi-khadi ukwindawo onqwenela ukutyelela kuyo. Zenze ngathi sele ukuloo ndawo. Qala ngokuzoba umfanekiso waloo ndawo.

Masonwabe

Nantsi imikhondo, wena khangela amagama. Onke aqala ngo "b", kwaye uyababona oonobumba aphela ngabo. Wena fakela konke okushiyekileyo

Ukuthetha nomntu bucala into ekufuneka ingeviwa ngabanye abantu	b__nga
Isilwanyana esiyelele kwigusha esikholisa ukuba mhlophe qhwa	b___ ___we
Isiqhamo esimbhoxo esinamaxolo	b___ ___na
Isinambuzane esinamaphiko anemibala ngemibala	b___ ___ ___ ___ ___ ___ ___ne
Ukungasondeli entweni koko ucwezele kude kuyo	b___ ___ ___ ___ ___a
Ukuxelela abantu umphanga	b___ ___ ___ ___ka

Umhla:

Dibana nenxalenye yeendlovu zaseAfrika

Masithethe

Thetha ngomfanekiso.



Masifunde

Iindlovu ezizezethu

Wakha wayibona indlovu? Wakha wayiphatha indlovu? Yakha indlovu yakuphuza kanobom ngomboko wayo?

Ukuba awuzange, kufuneka ukuba ukhe uze kudibana nenxalenye yezi zilwanyana zinomahluko!

IAmarula

Yeyona nkunzi indala kwisibaya seendlovu ekuthiwa yiHartebeespoort. Ubomi bakhe obuninzi wabuchithela kwimiyezo yezilwanyana phambi kokuba eze kwindawo yokugcina izilwanyana. Uyakuthanda ukuba phakathi kwabantu. Unebamba elinye kuphela – ibamba lakhe langasekunene waphulukana nalo kwiminyaka emininzi eyadlulayo.



IKhumba

IKhumba yimazi, u "mama" womhlambi oselugcinweni. Uyaluthanda uhoyo alufumanayo kwaye usoloko ezinyamekele ezinye iindlovu. Uyawathanda amanzi kwaye ixesha elininzi ulichithela emanzini.

IMasadi

IMasadi inkulwana noko kuneendlovu ezineminyaka eli-15 ubudala. Iba "lisekela" lentloko kwaye incedisa ukugcina usapho lundawonye. Iyakuthanda ukusoloko ikunye nezinye iindlovu kwaye inesikhalo esingaphezulu le-e kunazo. Iyakuthanda kananjalo ukuva ilizwi layo, ngoko ukuba kukho isikhalo esingxolayo esivela kwisibaya uba sele usazi ukuba yiMasadi "iyacula".

UTemba

UTemba lu "sana" lomhlambi kwaye uyayithanda into yokuba zonke ezinye iindlovu zisoloko zimnyamekele kwaye zimnika uthando kunye nohoyo oluninzi. Uyabathanda abantwana kwaye uyalonwabela lonke uhoyo alufumana kubo.



Masithethe



- Yintoni indawo yokugcina izilwanyana?
- Ucinga ukuba kutheni le nto iindlovu zisiba kwindawo yokugcina izilwanyana?
- Ucinga ukuba kutheni le nto kubakho iindlovu ezintlanu kuphela kwindawo yokugcina izilwanyana?
- Ucinga ukuba iindlovu zithanda ukuba kunye okanye zikholwa kukuba zodwa? Ngokuba kutheni?



Bhala



Athetha ukuthini la magama abhalwe ngqindilili? Jikeleza ngesangqa eyona ntsingiselo isondeleyo kumgca ngamnye.
Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

indawo yokugcina izilwanyana	indawo ekhuselekileyo	indawo yokhuselo	ihotele	ifama
ibamba	izinyo	uphondo	uphondo lwendlovu	uzipho
uhoyo	ukufun'ukwazi	umdla	ukuhoya	iyantlukwano
isibaya	indawo evalekileyo	ikhaya elinophahla	indawo evulekileyo umqwebedu	
iyalonwabela	vuya	dloba	hluma	yanda



Umhla:

Sicinga ngeendlovu



Masiqonde

- Ngubani eyona ndlovu incinane?
- Ngubani eyona ndlovu indala?
- Ngubani owenza eyona ngxolo iphezulu xa ekhala?
- Yeyiphi indlovu ocinga ukuba yeyona itefiswayo?
- Ngubani othanda ukudlala emanzini?



Masiqwalasele iinyaniso zodwa

Le theyibhile ikunika iinyaniso ezithile malunga nendlovu yaseAfrika. Bhala umhlathi usebenzise ezi nyaniso.

Igama:	Indlovu
Ubunzima ngexesha lokuzalwa:	I-120 kg
Esona santya siphezulu:	Ama-40 km/h
Ixesha eziliphilayo:	Iminyaka engama-80
Umbala:	Ngwevu
Okona kutya ikuthandayo:	Amagqabi kunye namandongomane



Bhala

La ngamagama ezilwanyana ezingamaduna. Leliphi igama lobukhomokazi?
Khetha kumagama asebhokisini.

imazi yebhokwe	isikhukukazi	imazi yendlovu	imazi yenyamakazi	imazi yedada

Inkunzi yendlovu _____

inkunzi yenyamakazi _____

inkunzi yedada _____

umqhagi _____

inkunzi yebhokwe _____

Bhala

Zityani ntoni izilwanyana? Krwela umgca phakathi kwesilwanyana kunye naloo nto sidla ngokuyityo.



Umzekelo:

inja	amathambo
indlovu	inyama
ingonyama	ingca
ihlengesi	iziqhamo
inkawu	amagqabi
impunzi	intlanzi



Bhala la magama alandelayo ngendlela efinyeziweyo.
Ungalibali ukubeka isingxi apho kukho imfuneko yoko.

Mnumzana _____

Nkosikazi _____

Gqirha _____

Mfundisi _____

Umhla:

Usapho luza kuqala

Masifunde





Ingaba iindlovu zihlala kunye?

Iindlovu zihlala ngokweentsapho. Iintsapho ezininzi zihlala kunye njengomhlambi. Inkokeli yomhlambi idla ngokuba yeyona mazi yendlovu indala. Zonke iintsana kunye namathokazi alandela yona.

Zitya ntoni iindlovu?

Iindlovu zitya izityalo. Ngenxa yokuba zizizilwanyana ezikhulu ngoluya hlobo, kudingeka ukuba zitye amagqabi amaninzi, kodwa ziyayityа nengca kunye nezikhondo zemithi – kunye neziqhamo, xa zizifumana! Ziyakwazi ukuchitha iiyure ezingamashumi amabini ngemini zisitya!

Amabamba

Iindlovu zinamabamba amambini. La mabamba aphuma emacaleni emilomo yazo kwaye angakhula ade abe ngangeemitha ezintandathu ubude.

Iindlebe kunye nemiboko

Iindlebe zendlovu yaseAfrika ekhule yagqiba zimalunga neesentimitha ezimbini ubude kunye neesentimitha ezili-120 ububanzi. Ngamanye amaxesha ziziphekuza ngeendlebe ezi zazo xa ziziphozisa.

Iindlovu zinako ukuphefumla ngemiboko yazo. Zikwanako nokunukisa nokuchola izinto ngemiboko yazo. Indlovu ingasebenzisa umboko wayo ukufaka ukutya emlonyeni wayo, ukanti iyakwazi nokutshiza amanzi kwangawo. Umboko usetyenziselwa ukuva izinto, kananjalo.

Ziziphozisa njani iindlovu?

Xa kushushu, iindlovu zithanda ukungena emanzini naseludakeni. Zikwasebenzisa nemiboko yazo ukutshiza imizimba yazo ngamanzi okanye uthuli. Ukushwabana kwezikhumba zazo kuyawabamba amanzi aze ancedise ukuziphozisa.

Zithetha njani iindlovu?

Iindlovu zithetha ngokuthi zenze izandi zoku "khala"xa zibizana.



Ziphila ixesha elingakanani iindlovu?

Iindlovu zingaphila ithuba elingangeminyaka engama-80.



Masiqonde

- Ngubani odla ngokuba yinkokeli yomhlambi?
- Zitya ntoni iindlovu?
- Ziphefumla njani iindlovu?
- Zithetha njani?
- Ziphila ixesha elingakanani?





Bhala

Yenza isivakalisi esinye kwezibini. Sebenzisa u-no-kodwa okanye u-kuba ukudibanisa ezi zivakalisi. Bhala isivakalisi esitsha emva kwesibini ngasinye sezivakalisi.

Amabamba endlovu makhulu kakhulu.	Akhula abe li-18cm ngonyaka.
Iindlovu zityа amagqabi emithi.	Aziyityi yona inyama.
Abantu kufuneka baziphathe kakuhle iindlovu.	Zikwayinxalenye yokusingqongileyo.
Iindlovu zidla ngokuba ngamanene okanye amanxele.	Zisebenzisa ibamba elinye kuphela.
Iindlovu zinengingqi ezihlala kuyo.	Ziyanyamekelana kwaye ziyathandana.



Umhla:

Abahlobo kunye nabamelwane beendlovu

Bhala

Faka igama/amagama achanekileyo ukugqibezela isivakalisi ngasinye kwezi. Sebenzisa igama/amagama akwibhokisi.

ngobunzima	ngokukhawuleza	ngokucotha	ngokuzola	ngengxolokazi

Indlovu encinane yakhwaza _____.

Imazi yendlovu ime _____ phantsi komthunzi womthi.

Inkunzi yendlovu igibisela amanzi _____ kuloo mzimba wayo ushwabeneyo.

Indlovu encinane ihlafuna ukutya kwayo _____.

Indlovu ihamba _____ ngamanqina ayo amakhulu.

Bhala

UMnu. E L E Phant wagqiba ekubeni athabathe uhambo ajikeleze ipaka yakhe yezilwanyana. Jonga imifanekiso awaye wayithabatha. Ufuna ukubhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye. Mncede. Sebenzisa amagama akwibhokisi kunye namagama angawakho.

iinkawu zijinga	ukutya iziqhamo	indlulamthi ende
amagqabi anencasa	ncokola	mhle







Bhala

Zoba owakho umfanekiso wesilwanyana osithandayo.
Bhala imihlathi emine malunga nesilwanyana. Kumhlathi wakho wokuqala xela ukuba isilwanyana eso sihlala phi na nokuba sihlala sodwa na okanye sihlala neqela.

Kumhlathi wakho wesibini chaza isilwanyana sakho: singakanani, kwaye sikhangeleka njani?

Kumhlathi wakho wesithathu cacisa indlela isilwanyana sakho esinxibelelana ngayo: sesiphi na isandi esisenzayo.

Okokugqibela, xela ukuba isilwanyana sakho siphila ubomi obungakanani na nokuba ingaba siluhlobo olusemngciphekweni na okanye hayi. (Usakhumbula ufunda ukuba umvundla womlambo luhlobo olusemngciphekweni?)



Masonwabe

Funda lo mbongo uze uwulinganise:





Indlovu ihamba (Hamba ujikeleze ngokucothayo ngeenywo nezandla, kanye njengendlovu.)

Kanje, nakanje

Inkulu kakubi, (Yima nkqo, zama ukufikelela phezulu ngeengalo zakho.)

Kwaye ityebe kakubi. (Yolula izandla zakho ziye emacaleni ukubonakalisa indlela etyebe ngayo indlovu.)

Ayinaminwe, (Songa amanqindi, ufihle iminwe yakho.)

Kwaye ayinazinzwane. (Nyakazisa iinzwane.)










SUGAR

















Umhla:

Ukwakha umzimba ophilileyo

Masithethe

Jonga kule mifanekiso.

- Ingaba aba bantwana bakhangeleka bephilile?
- Kutheni usitsho nje?
- Ingaba wena uphilile? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ziziphi iindidi zokutya eziyilungeleyo impilo yakho?



Masifunde

UMignon umakhi wezihlunu

UMignon Weideman ngutitshala onomahluko. Xa elungiselela izifundo okanye engahloli iincwadi zabafundi bakhe, uba sejimini esenza imithambo. UMignon uyintshatsheli yokwakhiwa kwemizimba. UMignon sele ephumelele iinkuphiswano ezininzi ukususela oko waba ngumakhi womzimba.



UMignon wayedla ngokwenza iierobhikhi xa esejimini. Kodwa wathi akubukela amadoda ebila esoma ngeentsimbi, watshintsha ikhondo. Eli libali lakhe:

Ndabona uJoseph Mkhize etyhiliza iintsimbi. Ndathabatheka. Ndafuna ukumlinganisa. Ekuqaleni ndandicinga ukuba andinako. Kodwa ndaye ndafumanisa ukuba akukho mthetho uthi abasetyhini abanako ukwenza ukwakhiwa komzimba.

Ndangenelela kuJoseph. Ekuqaleni ndandicinga ukuba uza kundihleka. Kodwa ububele bakhe bandimangalisa. Wandixelela ukuba kukuphi na ukutya ekufuneka ndikutye nokuba yeyiphi na imithambo ekufuneka ndiyenze ukwakha izihlunu zam.

Ukwakha umzimba kubandakanya ukusebenza nzima nokuzinikela. Ndada ndanyathela ngesingqi sawo lo mdlalo ucel'umngeni. Ukubona izihlunu zam zikhula kwandanelisa kakhulu. Ngoku ndichitha iiyure ezimbini ezinesiqingatha ngosuku ndisejimini, ndisebenza ngeentsimbi.



Ngumthambo ofanelekileyo kuphela ozikhulisayo izihlunu zakho. Ungachitha iminyaka emininzi ejimini, kodwa ukuba wenza izinto ezingafanelekanga, umzimba wakho awungekhe ukhule.

Ukutya kakuhle kubalulekile. Ndiyakuphepha ukutya okuneekhabhohayidrethi ezininzi, njengerayisi kunye nomgubo wombona, njengoko zisakha amafutha emzimbeni. Ndiyayiphepha kananjalo iswekile kunye netshokholethi. Ukutya okunamafutha akulunganga kananjalo. Ngoko nditya inyama yenkuku engenasikhumba, intlanzi, amaqanda, imifuno kunye neziqhamo. Ukuzeyisa lelona gama lingundoqo kulwakhiwo lomzimba. Abantu abatsha bangazuza lukhulu kulo. Abakhi bomzimba bayayihlonipha imizimba yabo. Ngoko ke ukwakha umzimba kuchaphazela ubomi babo bonke. Ufunda ukuthi hayi kwizinto ezininzi.





Masithethe

- Ingaba uyifumana iyinto engaqhelekanga ukuba umntu wasetyhini enze ukwakha umzimba? Cacisa impendulo yakho.
- Kwakutheni ukuze uMignon enze ukwakha umzimba?
- Ngubani owamkhuthazayo ukuba athabathe ukwakha umzimba?



Masifunde

Tshatisa igama elibhalwe ngqindilili kunye nentsingiselo yalo. Khetha elona gama lichanekileyo. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

ndathabatheka	ndagcayiselwa	ndatsaleka	ndafun'ukwenza	ndanamathelisa ingqondo
ukuzinikela	ukuzibophelela	ukuthobela	ukuzondelela	ukunyamekela
ucel'umngeni	uneengxaki	uyadika	uyacaphukisa	uyabophelela
ukuzeyisa	umthetho	ukulawula	umgaqo	ukumisela
bangazuza	icala elihle	fumana	phumelela	nceda



Umhla:

Imidlalo yakho, imidlalo yam, imidlalo yethu

Masiqonde



- Yintoni eyenza uMignon abe yititshala "enomahluko"?
- Ingaba ukwakha umzimba kubandakanya ntoni?
- UJoseph Mkhize wamnceda njani uMignon?
- Kokuphi ukutya ekufuneka ukuphephe xa usakha umzimba?

Bhala

Athetha ukuthini la mabinzana? Tshatisa amabinzana angasekhohlo kunye neentsingiselo ezichanekileyo ngasekunene.

ukubila usoma	ukuphakamisa ubunzima ngokuthamba
ukutyhiliza iintsimbi	ukusebenza nzima ukufumana into
ukunyathela ngesingqi	ukuqalisa ukuziva ukhululekile xa usenza into
ukuzinza	ukushukuma ngokulula ulandela isingqi esithile.



Bhala

Kwiphepha elingenamsebenzi yenza uluhlu lwayo yonke imidlalo oyaziyo uze uyibhale phantsi kwesihloko esifanelekileyo kwitheyibhile.



Imidlalo enongquzulwano	Imidlalo esebenzisa ibhola	Imidlalo yamakhwenkwe kunye namantombazana



Bhala

Gqibezela le grafu.

Cela abahlobo abahlanu ukuba bakhethe owona mdlalo bawuthandayo kuleyo idweliswe kumazantsi egrafu. Qhuba ufake iinkcukacha ezo kwigrafu, usebenzise imibala ukubonisa amakhwenkwe kunye namantombazana.



Ngoku phendula le mibuzo:

Ngowuphi owona mdlalo uthandwe kakhulu ngamakhwenkwe?

Ngowuphi owona mdlalo uthandwe kakhulu ngamantombazana?

Ngowuphi owona mdlalo uthandwe kakhulu ngamakhwenkwe kunye namantombazana?

Ngowuphi owona mdlalo ungakhange uthandwe ngamakhwenkwe kunye namantombazana?

Umhla:

Ukutya okumangalisayo

Masifunde

Amacebo okuhlala usempilweni

Ukutya uhlobo olufanelekileyo lokutya yeyona ndlela ilungileyo yokuhlala usempilweni.

Yintoni isidlo esilungileyo? Khumbula amaqela okutya amahlanu. Ukuze ufumane isidlo esisempilweni nesinesondlo esifezekileyo udinga ukukhetha kwiqela ngalinye rhoqo xa usitya. Ukuba kukho into oyishiyelelayo, zama ukuba uyifumane kwesinye isidlo solo suku. Nanga ke la maqela, nemizekelo yokutya ehamba nayo:

Iprotheni:	inkuku, intlanzi, inyama, amaqanda, ibhotolo yamandongomane, isoya, iimbotyi
Iimveliso zobisi:	ubisi, itshizi, iyogathi
Iziqhamo nemifuno:	iiorenji, iibhanana, iitapile, isipinatshi, iitumato
Iinkozo:	isonka, umgubo wombona, irayisi
Amafutha neeoyile:	imajarini, ibhotolo, ioyile

Kutye kancinane ukutya okunamafutha kunye neeoyile, uze uzitye kakhulu iziqhamo kunye nemifuno.

Yongeza ifayibha kwisidlo sakho

Abantu abaninzi bacinga ngefayibha. Ifayibha ibalulekile kwisidlo sakho. Ifayibha incedisa umzimba wakho ukwetyisa ukutya. Ubumdaka buphuma ngokukhawuleza emzimbeni wakho kuba ifayibha incedisa ekubunqunqeni. Ifayibha iyafumaneka kwisiriyeli, isonka sengqolowa engacolwanga, iminqathe, iseleri, isipinatshi, ithanga, ama-apile, amapere kunye nezityalo ezinemidumba (iimbotyi kunye nee-ertyisi).

Amacebo okongeza ifayibha kwisidlo sakho

- Musa ukuzixobula iziqhamo ezifana nama-apile. Litye ixolo kuba kukho ifayibha phaya kulo.





- Musa ukuzixobula iitapile kunye neebhatata. Zikhuhle nje uze uzityе kunye namaxolo azo.
- Zityе kakhulu iisaladi kunye nemifuno engaphekwanga.
- Yityа ipasta yengqolowa engacolwanga kunye nesonka esimdaka endaweni yepasta emhlophe kunye nerayisi emhlophe.
- Umgubo ongacolwanga ukwanefayibha eninzi.



Masiqonde

Ngokweenkcukacha ezinikwe kweli phepha lemisebenzi, yeyiphi eyona ndlela ifanelekileyo yokuhlala uphilile?

- Ngawaphi amaqela okutya abalulekileyo ukwenza isidlo esisempilweni?
- Kutheni le nto ifayibha ibalulekile kwisidlo sakho? Nika izizathu zibe zibini.

Umama wakho ukucelile ukuba ulungise ibhokisi yakho yelantshi. Zalisa itheyibhile uxele ukuba zeziphi na iindidi zokutya ezintathu ongazifakayo uxele nezizathu. Sebenzisa iinkcukacha ezikweli phepha lemisebenzi ukukuncedisa.

Uhlobo lokutya	Isizathu



Bhala

Qaibezela ezi zivakalisi usebenzisa u-elinye, ukutya, kude, utye, yonke:

Kubalulekile ukutya _____ okunesondlo esifezekileyo ____ imihla.

Iapile _____ ngosuku limgcina _____ ugqirha.

Kufuneka _____ ukutya okunesondlo esifezekileyo.





Umhla:

Okunye malunga noMignon



Bhala Phinda ubhale lo mhlathi uf ake iziphumlisi ukwenzela ukuba kungabikho zimpazamo.

ngolunye urhatya umignon wagqiba ekubeni achithe ixesha elongezelelekileyo ejimini kunye nojoseph wayefuna ukuphakamisa iintsimbi ezinzima ngaphezulu wayecinga ukuba ama-20kg aya kumlungela ujoseph wambukela sukuphakamisa zonke iintsimbi ezinzima ngakumbi ngaxeshanye wamlumkisa watsho kunganzima kuwe ukutyhiliza ubunzima obungako ngexesha elinye

Bhala Yenza isangweji emnandi, enempilo, yesonka sengqolowa engacolwanga.

Izithako

- Izilayi ezibini zesonka sengqolowa engacolwanga
- Imajarini
- Izilayi ezibini zenyama yenkuku
- Ityhukhamba
- Itumato



Ngoku bhala imiyalelo yendlela yokwenza isangweji. Qiniseka ukuba ubhala inani ecaleni komyalelo ngamnye. Sele siwenzile umyalelo wokuqala. Gqibezela eminye imiyalelo.

1. Sika izilayi ezibini zesonka sengqolowa engacolwanga.



Bhala

Intatheli yasekuhlaleni yaqhuba udliwano-ndlebe noMignon. Gqibezela olu dliwano-ndlebe ngokufakela oko ucinga ukuba kwathethwa nguMignon.

Intatheli: Yintoni eyakwenza uthabathe isigqibo sokwenza ukwakha umzimba?

Mignon: _____

_____



Intatheli: Ingaba utya ukutya okunomahluko?

Mignon: _____

_____

Intatheli: Ungacebisa ukuba amantombazana amancinane alandele ikhondo lokwakha umzimba?

Mignon: _____

_____

Intatheli: Enkosi, Mignon. Bekumnandi ukuthetha nawe.

Masonwabe

Zoba ezi zilwanyana.





Umhla:

Ukuhamba ngesikhephe kumaza alwatyuzayo

Masithethe

Jonga umfanekiso.

Jonga iindaba ezisentloko kunye nomfanekiso. Ucinga ukuba inqaku eli liza kuba malunga nantoni?

- Thetha nomlingane wakho malunga nemidlalo yangaphakathi neyangaphandle.
- Thethani ngemidlalo yasemanzini kunye nemidlalo edlalwa emhlabeni.
- Uyakunqwenela ukuhamba ngesikhephe? Xela isizathu.
- Ziziphi iimpawu ocinga ukuba ziyafuneka ukuba ufuna ukuhamba ngesikhephe?

Masifunde

Ukuhamba ngesikhephe ukusuka EKAPA ukuya kutsho eRIO

Kusuku olunye nje kwiminyaka emithathu, abantu baseKapa bayeka yonke into abayenzayo. Abanye abantu baya edokisini. Abanye bakhangela indawo abaza kuyibona kakuhle kuyo kunxweme olukwiNduli iSignal. Wonke umntu ufuna ukubona ukuqalisa kogqatso lwezikhephe.

Kulo nyaka mnye kuphela umqhubi wesikhephe owayengalubukelanga ugqatso. Endaweni yoko wayengomnye wabangenele ugqatso lwezikhephe. UCarven Dickson wenza imbali. Wayengomnye wabona bantu bancinane ukuhamba ngesikhephe kolu gqatso.

"Utatomkhulu wayengumlobi weentlanzi. Utata yena wayengumakhi wezikhephe. Ngoko ke izikhephe ezi zisoloko ziyinxalenye yobomi bam. Sasinephenyane kwaye utata wayedla ngokusikhupha siye eZeekoeivlei," watsho uCarven. "Ngenye imini ndabona abantwana beziqhubela ngokwabo isikhephe. Ndazixelela ukuba xa bona bekwazi ukuziqhubela isikhephe, nam ndingakwazi!"

UCarven wakhawuleza wayibamba indlela yokuqhuba isikhephe. Kamsinya wangenela iinkuphiswano kwaye eziphumelela zonke. Kodwa eyona nto yathi yaqaqamba ebomini bakhe lugqatso olusuka eKapa lusiya eRio.

"Wathi ukhapteni wesikhephe akunditsalela umnxeba ebuza ukuba ndiyafuna na ukuhamba, andakholelwa," watsho uCarven. "Kwaye ugqatso lwalumnandi! Yonke imihla kwakusenzeka into edala ihlombe. Sabona ilitha eliluhlaza ngolunye urhatya, kanye xa kutshona ilanga. Sabona abantwana bamahlengezi kunye neentlanzi ezininzi ezibhabhayo. Ngamanye amaxesha ebusuka sasimana sigilwa zizo – dushu!"

Ixesha awaye woyika ngalo kulapho kwakukho isiphango. "Kwakukho imisinga ephakamileyo ephakame kangangezakhiwo ezinemigangatho emibini. Kwaye lwandigulisa ulwandle kwakanye nje – kusuku lokuqala! Ivumba



lomatshini wokwenza umbane laliyenza intloko yam ijikeleze kwaye isisu esi sam sixukuzele."



Isikhephe awayekuso uCarven saba sisikhephe sesibini ukufika eRio de Janeiro kunxweme lwaseBrazil. Abasebenzi benqanawa kaCarven baluwela ulwandle lweAntaIntic ngeentsuku ezilishumi elinesihlanu. "Ndaziva ndinxunguphele ukufika kwethu," watsho uCarven ehleka. "Yayisisiphelo sexesha elimnandi. Kodwa ndandanelisekile kukubona umhlaba kwakhona."

Ngoku uCarven uxakeke kakhulu ulungiselela ukhuphiswano lweeNtshatsheli zeHlabathi.



Masithethe

- Lubanjwa kangaphi ugqatso olusuka eKapa ukuya kutsho eRio?
- Ingaba olu gqatso luyathandwa? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Kwakutheni ukuze uCarven alandele ikhondo lokuqhuba izikhephe?
- Isicatshulwa asixeli ukuba uCarven wayengakanani na ubudala ukuthabatha kwakhe inxaxheba elugqatsweni. Ucinga ukuba wayeneminyaka emingaphi ubudala?







Bhala

Amagama amaninzi angasetyenziswa ngeendlela ezahlukeneyo ukunika iintsingiselo ezahlukeneyo. Tshatisa amagama abhalwe ngqindilili neentsingiselo zawo njengoko esetyenzisiwe kwinqaku elimalunga noCarven. Bhala la magama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

qaqamba	sekela tsala umdla ukubalasela ukugxininisa
imisinga	ukuphakama ukufukuka ukudumba amaza
ijenereyitha	umbhali umyili umatshini imoto
ukuguliswa lulwandle	ukuphila isizaphuzaphu ukungonwabi ukungaziva mnandi ngenxa yolwandle
ukukhuphisana	ukuchasa ukucel'umngeni ukuthabatha inxaxheba ukuphikisana



Umhla:

Ukubalisa ibali likaCarven

Bhala

Ingaba uCarven unabo ubuchule bokuqhuba isikhephe? Nika izizathu zempendulo yakho.

Loluphi ugqatso olwathi lwaqaqamba kakhulu ebomini bakhe?

Zeziphi izinto ezimbini ezivuselela umdla ezathi zenzeka esikhepheni?

Masithethe

- Yeyiphi ingxolo echazwa ligama elingu-"dushu!"
- Yeyiphi ingxolo echazwa ngala magama alandelayo?

swe-e-e	
mbakra	
pi-i-i-p	

Xa igama linesandi esif ana nengxolo eliyichazayo, kuthiwa sisif anadumo (Libize: i/si/ f a/ na/ du/ mo.)

Bhala

Funda oko kuthethwa nguCarven. Ngoku funda oko udade wabo akuxelele intatheli.





Bhala

Amazwi kaCarven yintetho-ngqo. Ayile nto wayeyithethile ngobunjalo bayo. Amazwi kadade wabo wona yingxelo-ntetho. Uthetha ngento eyathethwa nguCarven, kodwa akasebenzisi amazwi akhe enjengoko enjalo

Xa utshintsha intetho-ngqo ibe yingxelo-ntetho la magama alandelayo ayaguquka:

ndi	u-
mna	yena
yam	yakhe
yeyam	yeyakhe

si-	ba-
thina	bona
eyethu	eyabo

Izenzi ezikwixesha langoku ziba kwixesha elidlulileyo.
Ixesha langoku: ngoku (umzekelo, u-).
Ixesha elidlulileyo: ngoko (Umzekelo, wa-).

Ngoku guqulela oku kwingxelo-ntetho usebenza wedwa.





Wathi ukhapteni wesikhephe akunditsalela umnxeba endibuza ukuba ndiyafuna na ukuhamba, andakholelwa.

UCarven wathi



Ixesha endaye ndoyika ngalo kulapho kwakukho isiphango. Kwaye lwandigulisa ulwandle kwakanye nje!





UCarven wathi



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Usuku nosuku



Masifunde

Ukubhala kwidayari

NgoMvulo 12 EyeSilimela

Ndafumana isidlo sakusasa, kodwa ndaziva ndinendawana yokuba nesiyezi. Ndaqhuba ndaziqhelisa ukubopha amaqhina (into ebaluleke kunene xa ufuna ukuqhuba isikhephe). Kwafika isiphango ekuhambeni kosuku sikhatshwa yimimoya ebhudla ngamandla kunye nemisinga ephakame kakhulu. Kwakusoyikeka kwaye nevumba lejenereyitha landenza ndaziva ndingaphilanga. Sabona amahlengezi kunye neentlanzi ezininzi ezibhabhayo ezachopha kumgangatho wesikhephe ngengxolokazi enkulu. Ekuqaleni yayisenza ihlombe, kodwa sade saqhelana nayo. Umhlobo wam uSamson watyibilika waphantsa ukuwela ngaphakathi elwandle.

NgoLwesibini 13 EyeSilimela

Ndivuke ekuseni. Amangabangaba aselwandle ayekhala. Ayefuna ukutya iintlanzi ezazishiyeke kumgangatho wesikhephe. USamson wawaleqa ewagxotha. UKhapteni Petersen wandixelela ukuba ndibophe iseyile engundoqo kwaye ndiqiniseke ukuba zonke izivingco zicikiwe kuba kukho esinye isiphango esizayo. Salinda salinda kodwa akuzange kude kwenzeke nto, nangona umoya obhudla ngamandla wona wawukhona. Emva kwesidlo sasemini samenyezelisa yonke ixina kuba inkokeli yathi siyasondela eRio.

NgoLwesithathu 14 EyeSilimela

Makube ukhapteni uyaqhula kuba asikabiphi eRio. Ulwandle luthe tyaba oku kanye kwesipili kwaye akukho moya. Yayilityeli lam ukusebenza kwikhitshi lesikhephe, kodwa uSamson wathi uza kuwenza umsebenzi wam ukuba ndingamnika ikephusi yam. Ndandineekepusi ezimbini, ndamnika enye. Kodwa waphinda watshintsha ingqondo ngoko ke kwafuneka ukuba ndizihlambe izitya. Ukutshona kwelanga ndabona intaka enkulu. Ndicinga ukuba yayiyialibhatrosi.



Masiqonde

- Ibhalwe ngubani le dayari?
- Zingaphi iintsuku ezifikeleweyo kule dayari?

Jonga kwezi ngongoma zimalunga nendlela eyahluka ngayo idayari kwibali uze uqhube uphendule imibuzo.

Nika umzekelo osuka kwidayari apho uCarven athetha ngesiqu sakhe.





Nika umzekelo womntu athe uCarven wamkhankanya kwidayari yakhe.

Bhala iziganeko zibe zibini ezathi zenzeka ekuseni.

Bhala isivakalisi esiphaya kwidayari esikuxelela into malunga nendlela awayeziva ngayo.



Bhala

Phinda ubhale ezi zivakalisi. Endaweni yamagama akrwelelweyo bhala isimelabizo esifanelekileyo. Sebenzisa la magama akwibhokisi.

mna	yena	thina	wona	zona

Isimelabizo ligama elisetyenziswa endaweni yesibizo.
Imizekelo:
Itafile isekhitshini. *Yona* igqunywe ngelaphu.
Abahlobo bakaKaela baza kumtyelela. *Yena* uyavuya kuba *yena* eza kubona *bona*.

UKhapteni Petersen wayecinga ukuba *uKhapteni Petersen* angaluphumelela ugqatso olusuka eKapa oluya eRio.

Ndawasula amaqhaga exina eengcango ukuze *amaqhaga exina eengcango* amenyezele.

USamson akazange azihlambe izitya awayethembise ukundihlambela *izitya*.

Mna noSamson kwakufuneka sihlambe izitya kuba *mna noSamson* yayilityeli lethu ukusebenza ekhitshini.

Carven uthi, "Ndafonela umama ndimxelela ukuba angazikhathazi kuba *uCarven* ndikhuselekile."

Umhla:

Ingxaki elwandle!

Bhala

Umyalezo oyimfihlo

Endleleni eya eRio, abasebenzi besikhephe bagagana nesiphango esibi. Esinye sezikhephe saba sengxakini enkulu kuba imasti le yayonakele. Ukhapteni wathumela umyalezo kwisikhephe sakho.

Sebenzisa ialfabhethi yeMorse khowudi ukufumanisa oko wayekuthetha.

IKhowudi iMorse yialfabhethi eyilwa ngeenjongo zokukwazi ukuthumela imiyalezo xa ungenako ukusebenzisa amagama aqhelekileyo okanye ungakwazi kuthetha namntu. Ithunyelwa ngonomathotholo. Unobumba ngamnye wenziwa ngamachaphaza kunye namaqhagamshela (izandi ezide nezif utshane).

IAlfabhethi yeMorse Khowudi

A	• -	N	- •	O	- - - --
B	- • • •	O	- - -	I	• - - --
C	- • - •	P	• - - •	2	• • - - -
D	- • •	Q	- - • -	3	• • • - -
E	•	R	• - •	4	• • • • -
F	• • - •	S	• • •	5	• • • • •
G	- - •	T	-	6	- • • • •
H	• • • •	U	• • -	7	- - • • •
I	• •	V	• • • -	8	- - - • •
J	• - - -	W	• - -	9	- - - - •
K	- • -	X	- • • -	•	• - • - • -
L	• - • •	Y	- • - -	,	- - • • - -
M	- -	Z	- - • •	?	• • - - • •





Sindisa umntu wethu!

_•_ •• _ _• ___ __ _• _ •• _

•• _ •• _• •• _ _• •_

•• _ _• _•_• • _• _•• ___

• ••• •• _•_ •••• • •_•• •••• • _• ••

_•_ •_ _ •_ •_ _ •_ •_ •• __•• •_ _• ••

_• •• _• _•_• • _•• •



Bhala Yiba nomfanekiso-ngqondweni wakho usesikhepheni esibhukuqileyo kwaye wena kunye nabanye abahambi ngesikhaphe nasindiswa nguKhapteni Petersen kunye nabasebenzi bakhe.

Bhala amava akho kwidayari.

NgoLwesithathu 14 EyeSilimela





Masonwabe Zeziphi izangqa ezinepateni efanayo kuzo?





Umhla:

Uvuyo lwebhola yevoli

Masithethe

Jonga emfanekisweni.

- Thetha ngezinto ezenziwa emfanekisweni.
- Ingaba ezi zinto zahluka njani kwizinto ozenza kwimidlalo yakho yesikolo yemihla ngemihla?
- Ungathanda ukudlala omnye kule midlalo?
- Uyintoni umahluko phakathi kwemidlalo egabadeleyo neminye imidlalo?
- Zeziphi iimpawu ocinga ukuba uyazidinga xa ufuna ukudlala umdlalo ogabadeleyo?



Masifunde

Iimbalasane zaseHout Bay kwibhola yevoli

Ibala lebhola yevoli eHout Bay liyaphithizela ngamakhwenkwe kunye namantombazana aziqhelisayo. Yintoni bethu le ibatsalela kulo mdlalo?

Isaziso ephepheni

Malunga neminyaka emibini eyadlulayo amapolisa afaka isaziso kwiphepha-ndaba. Ayehlutshwa zizihange ezazikuloo ndawo kwaye babekhangela nabani na onokuthi aqeqeshe abantu abatsha kwezemidlalo.

UAmanda Coetzee wasibona eso saziso waza watsala umnxeba. "Ndinguanti omhlophe owayekade edlala ibhola yevoli," waxelela amapolisa. "Kulungile," batsho. "Masiqalise." Watsho waqalisa ke umqeqeshi.

Ukusuka kwisithukuthezi ukuya kutsho kwibhola yevoli

Ngosuku lokuqala kwiholo lesikolo amakhwenkwe awayengena erhuqa iinyawo ayekhangeleka ephelelwe ngamandla. Kodwa abanye baba nomdla baza baxelela abanye ukuba beze kudlala. UAmanda wafumana iinkampani eziza kubonelela ngezixhobo. Ekugqibeleni kwabakho amaqela amabini kwaye ayedlala namaqela asuka eMuizenberg, eCape Flats naseKhayelitsha.



Imbalasane evelayo



Umqeqeshi wabo uthi eyona mbalasane intsha iphumeleleyo nguThandi Nkomo. Uneminyaka eli-11 kwaye sele edlalele iqela lephondo elineminyaka engaphantsi kwe-14. Eli qela lalingenele amagqibela-kankqoyi ephondo, kodwa labethwa liqela laseAlgoa.

Iyakhawuleza, inika ihlombe kwaye iyachwayitisa

UThandi watshintsha kwihoki wangena kwibhola yevoli. Uthi, "Ibhola yevoli iyakhawuleza kwaye inika ihlombe ngakumbi. Iyachwayitisa."

Amaqela aseHout Bay aziqhelisa amaxesha amabini okanye amathathu ngeveki. Kodwa yena uThandi usoloko esebaleni eziqhelisa kude kutshone ilanga. Wenza loo nto kuba uyayithanda kwaye unezicwangciso eziphakamileyo zexesha elizayo.





Masithethe

- Kwakutheni ukuze ibhola yevoli iqale eHout Bay?
- Ingaba amaqela aye aphumelela? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ingaba bonke abantwana baye bakuthanda ukudlala ibhola yevoli? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Sekulithuba elingakanani ngoku bedlala ibhola yevoli?



Bhala

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Krwela umgca osuka kwigama ngalinye elingasekhohlo oya kwintsingiselo yalo. Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

izihange	ukonwaba kakhulu
ukumela	izinto ezidingekayo ukuphumeza iinjongo okanye umsetyenzana othile
izixhobo	amalungu eqela labaphuli-mthetho abazizigebenga ezinobungozi
chwayitisa	ukubhatala iindleko zenkqubo ethile okanye iprojethi



Umhla:

Okunye malunga nebhola yevoli eHout Bay

Masiqonde



- Khawuphinde ujonge ibali elingebhola yevoli.
- Yintoni eyakhuthaza aba bantwana ukuba badlale ibhola yevoli?
- Enza ntoni amapolisa ukukhuthaza imidlalo kule ngingqi? Kwakutheni?
- Waphumelela njani umqeqeshi ukubumba amaqela ebhola yevoli?
- Athetha ukuthini la magama okanye amabinzana?

iyaphithizela ngabantwana abaziqhelisayo	
ayengena erhuqa iinyawo	
imbalasane evelayo	
izicwangciso eziphakamileyo	

Bhala

Qqibezela umhlathi wokugqibela, uxele ukuba zizicwangciso ezinjani na ocinga ukuba uThandi unazo. Bhala ubuncinane izivakalisi zibe zithathu.

Bhala

Bhala oko uAmanda akuthethayo malunga nebhola yevoli kunye nemidlalo. Beka oko akuthethayo ngentetho-ngqo.



Wathi

Aa Bb Cc Dd Ee Ff Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm





Sidinga ukutsalela ulutsha lwethu kwezemidlalo ukuze luphile qete kwaye lube sempilweni.

Wathi

Bhala

Yiba nomfanekiso wakho ulilungu lamaPolisa aseHout Bay. Bhala isaziso somntu onako ukunceda ekuqeqesheni ulutsha eHout Bay.

KUFUNWA UMQEQESHI

Bhala

Qaqa itheyibhile. Sebenzisa imifanekiso ekwincwadi yemisebenzi ukukuncedisa. Bhala malunga neendidi ezimbini zemidlalo. Ungazikhethela nawuphi na umdlalo owuthandayo.

Igama lomdlalo	
Inani labantu abafunekayo ukudlala lo mdlalo	
Izixhobo ezifunekayo	
Umgangatho wobunzima: ulula, unzima, unzima kakhulu	
Umgaqo omnye walo mdlalo	

Igama lomdlalo	
Inani labantu abafunekayo ukudlala lo mdlalo	
Izixhobo ezifunekayo	
Umgangatho wobunzima: ulula, unzima, unzima kakhulu	
Umgaqo omnye walo mdlalo	

Umhla:

Ukufunda ngebhola yevoli

Masifunde



Ibhola yevoli sele ingumdlalo othandwa kunene ngoku ngamakhwenkwe kunye namantombazana. Ngumdlalo okhawulezayo nowenza ihlombe kwaye awudingi zixhobo zininzi ukuwudlala. Izinto ozidingayo yibhola kunye nomnatha nje kuphela.

Uluvo olungundoqo ngebhola yevoli lolu:

Amaqela amabini adlala ngokuchaseneyo kumacala omabini omnatha. Abethelana ibhola kwaye ukuba elinye icala liyayiyeka ibhola iwe phantsi, elinye iqela lifumana inqaku. Akukho mfuneko yokuba ibhola ibethelwe ukuba igqithe ngaphaya komnatha ngalo lonke ixesha. Iqela ngalinye lingayibetha ibhola amatyeli amathathu kwicala lalo phambi kokuba liyigqithisele ngaphaya komnatha.

Imigaqo

- Ibhola ingachukumisa naliphi na ilungu lomzimba, kodwa kufuneka ibethwe okanye ingqutywe ukuyisusa emzimbeni.
- Umdlali makangayigangi okanye ayigibisele ibhola okanye ayigcine ezandleni zakhe.
- Ibhola akufuneki iwele phantsi kwaye ibhola ayinakuchukunyiswa ngumdlali omnye kabini ngexesha.
- Iqela elinye livumeleke ukuba liyichukumise kathathu kuphela ibhola. Kwityeli lesithathu kufuneka liyibethe igqithele ngaphaya komnatha. Elinye iqela lifumana inqaku xa:
  - Kukho umntu oganga aze abambe ibhola
  - Kukho umntu oyeka ibhola iwele phantsi
  - Kukho umntu ochukumisa ibhola kabini ngexesha
  - Iqela lingakwazi ukugqithisa ibhola ngaphaya komnatha kumatyeli amathathu okuyichukumisa.

Umdlalo lo udlalwa ngeeseti ezintathu okanye ezintlanu. Iqela eliphumelela ezona seti zininzi lilo eliphumelelayo. Iseti iba namanqaku ali-14 ubuncinane, kwaye uphumelela xa kukho umahluko wamanqaku amabini, umzekelo 14–12.



Masiqonde

Ucinga ukuba lo mbhalo uvela phi?
Khetha enye kwezi zilandelayo uze unike izizathu zempendulo yakho.

1. Ibali	2. Umdlalo	3. Imagazini yezemidlalo

- Nika lo mbhalo isihloko.
- Kutheni le nto ibhola yevoli ingumdlalo othandwayo mva nje?
- Iqela liwafumana nini amanqaku?
- Zingaphi iiseti ezenza umdlalo webhola yevoli?



Bhala

Nanga amanye amagama avakala ngathi ayafana kodwa abe eneentsingiselo ezingafaniyo.
Bhala isivakalisi ngengama ngalinye.

inyanga	usiba	idolo
inyanga	usiba	idolo

Bhala

Yiba nomfanekiso wakho uqhuba udliwano-ndlebe noThandi ulungiselela imagazini yesikolo sakho. Gqibezela udliwano-ndlebe.

Intatheli: Ndiyakholelwa ukuba uyenye yeembalasane zeqela lakho lebhola yevoli. Yintoni imfihlelo yempumelelo yakho?

UThandi: _____

Intatheli: Zithini izicwangciso zakho zexesha elizayo?

UThandi: _____

Umhla:

Ukuzazi wena siqu

Bhala

Uzazi ncakasana kangakanani? Yiba nomfanekiso wakho uyintatheli yemagazini. Ungakhe ubhale ingxelo malunga nawe? Ungathini? Nantsi indlela yokuzazi. Phantsi kwesihloko ngasinye kwezi zingezantsi dwelisa izinto ozithandayo, iimpawu zakho, ubuchule bakho kunye neenqobo zakho zokuphila ezisemgangathweni.

Izinto endizithandayo

Imizekelo: ukudlala ibhola yevoli, ukuzoba, ukupheka



Ubuchule kunye neziphiwo zam

Imizekelo: umdlali wasecaleni obalaseleyo, ndilichule lokuhlekisa, ndifunda ngeekhompyutha



Iimpawu zam

Imizekelo: ndinenyameko, ndithanda ukuphuma, andisosithethi, ndidlamkile



Iinqobo zam zokuphila ezisemgangathweni

Imizekelo: ukunyaniseka, ukuthembeka, ukusebenza nzima





Bhala

Bhala amacebo abe mathandathu okuhlala uphile qete. Ungalibali ukufaka amanani ecaleni kwawo. Nika oko ukubhalileyo isihloko.

Masonwabe

Iqela lebhola yomnyazi



Amantombazana amane angamalungu eqela leBhola yoMnyazi yaseHout Bay: uSheena, uDebra, uOlivia kunye noNathi. Sebenzisa iingongoma ezinikwe apha ngezantsi ukuthabatha isigqibo sokuba nguwuphi na ongubani nokuba ngamnye kubo unxibe ntoni na. Faka imibala emfanekisweni usebenzisa imibala ekwiinkcazelo. Qhubeka ubhale igama lentombazana nganye ecaleni komfanekiso wayo.

- USheena mde kunoNathi. UDebra yena mfutshanana kunoNathi kwaye uOlivia ngoyena mde kubo bonke.
- USheena unxibe ijini eblowu, ihempe emhlophe kunye nebharethi ebomvu.
- UDebra unxibe ijini emsobo, umntla obhulowu bumnyama kunye neebhutsi ezibhulowu bumnyama.
- UOlivia unxibe ijini emhlophe, umntla omthubi kunye nesikhafu esiluhlaza bumnyama.
- UNathi unxibe ilokhwe enemigca emnyama namhlophe kunye nezihlangu ezimnyama.

USheena uneenwele ezinde ezolukiweyo, iinwele zikaDebra ezibomvu zichetywe zamfutshane, iinwele ezimdaka zikaOlivia zibetha emagxeni akhe kwaye zoluliwe, ukanti iinwele zikaNathi ezimfutshane ezimnyama zona zolukiwe zaza zafakelwa amaso amancinane.

Masifunde

UEdith Moetsi – ithamba elenza imimangaliso

NguDani Moeng



Iimethi zidweliswe kuhle zigudle isiphelo segumbi elinezixhobo zokuthamba kwiZiko lezeNkcubeko ePolokwane. Kwelinye icala elisekupheleni komgangatho kukho umvalo ophakamileyo. Iplanga lokutsiba kunye nehashe lokutsiba zime kwelinye icala elisekupheleni. Phezulu phaya esibhakabhakeni, intombazana encinane iyajikeleleza emoyeni. Igama layo nguEdith Moetsi.

Eli gumbi linezixhobo zokuthamba libe yinxalenye yobomi bukaEdith ukususela ngowama-2001. Utshintshile ekubeni yintombazana eneminyaka eli-11 enamaphupha nengenalo uqeqesho waba lithamba elenza imimangaliso elithabatha inxaxheba kwiinkuphiswano zikazwelonke.

"Ndaluqalisa uqeqesho kwiiveki ezimbalwa nje emva kokuvulwa kweZiko lokuthamba lasePolokwane," watsho uEdith. "Ndandifuna ukuzivonyavonya kuba ndandidiniwe kukusoloko ndijikeleza, ndingenanto yakwenza."

Umqeqeshi kaEdith waluqalisa uqeqesho lwakhe ngokumenza ukuba enze amavili enqwelo aze atsibe kwitrampolini. Kodwa kungekudala wagqithela kooqulukubhode nasekutsibeni ngephanyazo. UEdith akazange aluphose uqheliso ngaphandle kokuba ufundela iimviwo.

Namhlanje, uEdith ungenela ukhuphiswano kwihlabathi liphela -eHungary, eNew Zealand naseHolland.

UEdith ukwavunyiwe njengoMgwebi woMthambo kaZwelonke nanjengoMgwebi woMthambo kwabasetyhini kwiPhondo laseLimpopo.

Waphumelela imatriki ngowama-2008 kwaye uneenjongo zokufunda inzululwazi ngokwakha (ukuyila izakhiwo) eyunivesithi. "Kodwa ikamva ekwenzeni



imithambo liqaqambe kangangokuba ndingakhe ndilinde kancinane nje phambi kokuba ndiye eyunivesithi," utsho.

UEdith ukwanguye nomzobi kunye nemvumikazi ethembisayo. Sele ephumelele iimbasa ngemizobo yakhe kwaye udlalile nakwiqela lomculo lesikolo sakhe. Ukukwazi ukwenza into endiyifunayo kundenza ndizive kamnandi," utsho. "Andizange ndicinge ukuba ndingaze ndifikelele kule ndawo ndikuyo. Ndaqala ukwenza imithambo kuba indonwabisa. Impumelelo yam inento yokwenza nokusebenza nzima."





Masithethe

- Butshintshe njani ubomi bukaEdith oko wathi wazibandakanya nemithambo?
- Kwakutheni ukuze aqalise ukwenza imithambo?
- Ngaphandle kokuba lithamba elibalaseleyo, zeziphi ezinye iziphiwo anazo?
- Ucinga ukuba sesiphi isizathu esiphambili sempumelelo yakhe?





Bhala

Beka la magama ngolandelelaniso lwealfabhethi.

Faka amanani kwikholam yokuqala ukusuka kwisi-1 ukuya kutsho kwisi-6, kwikholam yesibini ukusuka kwisi-7 ukuya kutsho kwi-12, ze kwikholam yesithathu usuke kwi-13 uye kutsho kwi-18.

(La magama ali-18 ungawabeka ngolandelelaniso lwealfabhethi ngaloo ndlela. Kodwa ayiyi kwenzeka loo nto ukuba uye wayitshintsha indlela ezime ngayo iikholam. Uyazi ukuba kutheni na?)

	qeqesha
	qala
	qulukubhode
	qaqamba
	qina
	qhelisa

	sixhobo
	sebenza
	sibhakabhaka
	shiti
	sikolo
	siphelo

	thamba
	tsiba
	tshintsha
	thabatha
	trampolina
	tyhini



Umhla:

Ezemidlalo ezindabeni

Masiqonde

- Phinda ujonge ibali elingoEdith. Kutheni le nto isihloko sibhalwe kakhulu ngoonobumba abangqindilili?
- Yintoni injongo yombhalo ongqindilili kanye phaya ngezantsi kwesihloko?
- Ucinga ukuba kutheni le nto igama likaEdith livela ekupheleni komhlathi wokuqala, lingaveli ekuqaleni?
- Libhalwe ngubani eli nqaku?
- Ucinga ukuba lungafumaneka phi olu hlobo lwenqaku? Kutheni usitsho nje?

1. Iphepha-ndaba	2. Incwadi yamabali	3. Incwadi yemibongo

Bhala umhlathi obonakalisa indlela awathi waphuhla ngayo uEdith ukusukela kwixesha awaqalisa ngalo ukwenza imithambo ukuya kutsho kwixesha awaba ngumgwebi ngalo. Bhala izivakalisi ezithathu.

Bhala

Qaqibezela uthelekiso.



Umzekelo:

UBrenda utsibela phezulu esibhakabhakeni. Ewe, kodwa uDudu yena utsibela phezulu ngakumbi.
UEdith yena utsibela phezulu kakhulu.

Isibane sam siqaqambile.	Esakho	Esakhe
UEnver uyagula.	UAnnie	UJames
USbu mde.	UThabo	UNomsa
UJan mfutshane.	UReza	UBongi
Ityholo liluhlaza.	Umthi	Ingca



Bhala Jonga ezi zihloko-ndaba.

1. Tshatisa umdlalo kunye nephepha-ndaba. Sebenzisa le midlalo ingezantsi:

ibhola ekhatywayo	iqakamba	ukutsiba kwibungi	umbhoxo	ukubhabha

2. Yiba nomfanekiso wakho ucelwa ukuba ubhale inqaku lephepha-ndaba ngesihloko-ndaba ngasinye kwezi zilandelayo. Bhala isivakalisi esingundoqo senqaku ngalinye. Isivakalisi esingundoqo sikuxelela malunga nento elingayo inqaku. Sinika ezona ngongoma zibalulekileyo.



Umzekelo:

Isihloko-ndaba: UMTHEMBU WOPHULE IREKHODI KWEZEMBALEKI

Umdlalo: Ezembaleki

Isivakalisi esingundoqo: Intshatsheli kwezembaleki uSpeedy Mthembu yophule irekhodi leemitha ezili-100 kwezembaleki eMzantsi Afrika kukhuphiswano lobuNtshatsheli lwaseMzantsi Afrika obelubanjelwe eBhayi kobu busuku budlulileyo.

IIWIKETHI ZIWA KWAKUSUKU LOKUQALA

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:

URACHEL UZIVULELE INDLELA EYA KUMDLALO WAMANQAM EWIMBLEDON

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:

UKUTSIBA EBHULORHWENI KUKWAPHULA IREKHODI

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:

Bhala Krwelela zonke izenzi ezifumaneka kwizihloko-ndaba ezingasentla. Ngoku ke bhala izivakalisi ezahlukeneyo usebenzise ezi zenzi.

Umhla:

Lithuba lakho lokuba yintatheli

Masifunde

Isiphiwo

Ndidlale imidlalo esikolweni
Ndifunde kakhulu, kodwa
andaphumelela
Ngoku ndimele ukulandela liphi ikhondo?

Ndiyidlale yonke imidlalo
Kodwa andaphumelela
Imidlalo eyahlukeneyo
O! Isiphiwo sam siyaziwa
Ngoogxa bam endifunda nabo.

Ootitshala bam bayandixelela
Ndithetha kakhulu
Ingxolo sisiphiwo sam
Uyabona, akakho umntu ongenaso isiphiwo!

NguBen Mnguni



Masiqonde

- Ingaba imbongi yaphumelela ukudlala imidlalo? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ingaba yaphumelela eklasini? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Sesiphi isiphiwo anaso?
- Owakho utitshala ebeya kuvuma ukuba uBen unaso isiphiwo? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ingaba oogxa bakhe afunda nabo bacinga ukuba unaso isiphiwo? Nika izizathu zempendulo yakho.

Bhala

Nanga amanye amagama avakala ngathi ayafana abe eneentsingiselo ezahlukeneyo.
Bhala isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye elikwezi zibini zamagama.

qhina	suka	lula
qina	suka	lula





Bhala



Bhala inqaku lephephandaba lesikolo sakho elimalunga nomdlalo owawuye kuwubukela. Qiniseka ukuba inqaku lakho linezi zinto:

- Isihloko esibhalwe ngoonobumba abakhulu
- Ingcaciso emfutshane kakhulu malunga nomdlalo.

Bhala isivakalisi ekugqibeleni uxele indlela ozive ngayo malunga nesiganeko.

Kufuneka linike ezi nkcukacha
Nguwuphi na umdlalo
Ngoobani ababedlala
Babedlala nini
Babedlalela phi
Badlala njani
Saba yintoni isiphumo



Umhla:

Nceda uEdith aqokelelele abantwana imali

Bhala Ziqhelise iziphumlisi ngokuzalisa le phazili.



Imikhondo ngokunqamlezayo:

1. Sizii_____. Siyaxela xa kukho umntu othethayo.
5. Uneenkcukacha ezizezinye? Kuza kufuneka usebenzise thina.
7. Xa kudweliswa izinto, ndisoloko ndikhona ukwahlula izinto. Ndingakunika nethuba lokuba uphefumle xa isivakalisi siside kakhulu.



Imikhondo ukwehla:

1. Kufuneka ndisoloko ndikho rhoqo ekuqaleni kwesivakalisingasinye (amagama ama-2).
2. Ayinabulungisa kodwa le nto, ukuba ndisoloko ndibekwa ekupheleni kwesivakalisi mna! (igama eli-1)
3. Xa undibona, lindela ukuba kulandele uluhlu emva kwam.
4. Ndikubonisa ukuba kukho unobumba oshiyelelweyo (amagama ama-2).
6. Imibuzo, imibuzo, imibuzo – kuphela kwento endiyenzayo leyo. (amagama ama-2).



Bhala

UEdith Moetsi akanelanga nje ukuba ngumdanisi kunye nombethi-siginkci onesiphiwo, ukwalilo negcisa. Ugqibe ekubeni abe nomboniso womsebenzi wakhe esikolweni sakho ukuqokelela imali elungiselela ikhaya labantwana elibizwa ngokuba yiHappy Days Children's Home. Ucele wena ukuba uyiyile ngokwakho ipowusta.

Jonga amacebo kunye nomzekelo wepowusta ebilungiselelwe enye yeekonsathi zikaEdith, uze uqhube uzobe eyakho ipowusta yomboniso wakhe kwisiqwenga esikhulu sephepha okanye ikhadibhodi emhlophe.

Amacebo okwenza ipowusta
- Yenza ipowusta yakho ibe nkulu kangangoko unako.
- Bhala kakhulu kangangoko khon'ukuze abantu babe nako ukuyifunda ngokulula.
- Sebenzisa amagama ambalwa kangangoko - ukuphephe ukusebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.
- Faka imibala kwipowusta yakho Ukutsala umdla ngakumbi.
- Musa ukufaka amagama kunye nemifanekiso emininzi kwipowusta yakho





Masonwabe

Jonga imifanekiso. Zilishumi iindlela eyahluke ngazo. Zikhangele uze uzifake izangqa kumfanekiso ongasekunene.







Teacher
Date:
Sign:



Impendulo ngokunqamlezayo: 1. mpawu zocaphulo 5. izibiyeli 7. ikoma

Impendulo ukwehla: 1. uphawu lombuzo 2. unobumba omkhulu 3. isingxi 4. ikoloni 6. isimeli nobumba

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Isichazi-magama sam



A a



B b



C c



D d





Isichazi-magama sam

E e



F f



G g



H h





Isichazi-magama sam



I

i



J

j



K

k



L

l



Isichazi-magama sam

M m

N n

O o

P p





Isichazi-magama sam



Q q



R r



S s



T t





Isichazi-magama sam

U u



V v



W w



X x



Isichazi-magama sam



Y

y



Z

z







































name:

book 1:

book 2:

book 3:

book 4:

book 5:

book 6:

book 7:



name:

ook 1:

ook 2:

ook 3:

ook 4:

ook 5:

ook 6:

ook 7: